

ITYALA

 Ukwenzela ufundo lweSibhalo, ngale mva kwemini, ukuphuma kwiNcwadi kaMarko, isahluko se-16 sikaMarko. Kwaye ndifuna ukuba nime, kunye neeBhayibhile zenu, njengokuba sifunda iLizwi likaThixo. UMarko 16, siqalise ngomqolo we-9.

Ngoku xana uYesu wayevukile kwakusasa ngolokuqala usuku lweveki, wabonakala kuqala kuMariya waseMagadala, lowo awakhupha kuye iidemoni ezisixhenxe.

Kwaye wahamba waza wabaxelela abo ababe kunye naye, njengokuba babekhedamile kwaye belila.

Kwaye bona, xana babekuvile ukuba yena waye phila, kwaye waye boniwe nguye, abakholwa.

Emva koko wabonakala ngezinye izimo, ngababini . . . (Uxolo.)

Emva koko wabonakala ngenye imo kwababini babo, njengokuba behamba, kwaye bengena baya elizweni.

Kwaye bahamba baza bayixelela intsalela: kananjalo nayo ayakholwa . . .

Emva koko, wabonakala kwabalishumi elinanye njengokuba babehleli esidlweni, waza wabangcikiva ngokungakholwa kwabo nobulukhuni beentliziyo zabo, ngokuba bengabakholwanga abo ababembonile emveni kokuba yena evukile.

² Ingaba lowo ayingomfanekiso namhlanje! Abakholelwa ukuba ulingqina lokunjalo.

Kwaye wathi kubo, Hambani niye kulo lonke ihlabathi, kwaye nizivakalise iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo.

Lowo ukholiweyo waza wabhaptizwa uya kusindiswa; kodwa yena lowo ungakholwayo uya kugwetywa.

³ Oko nje kwenza umgca, kwelinye icala okanye elinye.

Kwaye le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo; Egameni lam baya kukhupha iidemoni; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha;

Baya kubamba iinyoka; kwaye ukuba bathe basela nantoni na ebulalayo, ayisayi kukha ibenzakalise; baya kubeka izandla zabo kwabagulayo, . . . baya kuphila.

Ke ngoko emveni kokuba iNkosi ithethile kubo, yanyuselwa emazulwini, yaza yahlala ngakwesokunene sikaThixo.

Kwaye bahamba, . . . beshumayela ezindaweni zonke, iNkosi isebenza kunye nabo, . . . iqinisekisa ilizwi ngemiqondiso ephilekana nalo. Amen.

Masithobiseni iintloko zethu.

⁴ Nkosi, siyakholwa ukuba lo ngumyalelo wokugqibela ebandleni. Siyakholwa ukuba iLizwi lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu. Kwaye siyakholwa ukuba nawuphi na umntu akakho ngcono kunelizwi lakhe, ke ngoko siyakholwa ukuba eli Lizwi linguWe. Kwaye siyakholwa ukuba linguWe, ntoleyo, ikwayiyo izolo, namhlanje, nangonaphakade. Yiza, namhlanje, Owu Thixo Bawo, ukwimo yeLizwi, kuthi, uze uvumele abantu babone ukuba Wena unguKristu ovukileyo, kwaye uvusiwe kulo mhla wokugqibela, kwimo leyo Owathi Uya kube ukuyo, iLizwi elibonakalalisiweyo. Xana Wawusemhlabeni, WawuliLizwi eliprofetiweyo, libonakalaliswe kwimo yomntu. Kwaye iLizwi liprofetelwe lo mhla. Yiza, Nkosi Yesu, kwaye uLizise kuthi, namhlanje, iLizwi. Yenza ukutolika Kwakho kweLizwi, ukuze sibe “novuyo olungathethekiyo, noluzele luzuko.” Kangangokuba siye sakufumana Umnandi, saza sawafumana aMazwi Akho eyinyani kwaye eqinisekisiwe ezintliziweni zethu, ukuba sidlulile ekufeni sangena eBomini.

⁵ Thina sonke esizelwe ngaloo mthi mnye emyezweni wase-Edeni, lowo owawalelwe ukuba uchukunyiswe, umfazi, kuba kuye akukho bomi; yena kuphela liqanda. Ubomi buphuma eNdodeni, ntoleyo eyayinguKristu. Kwaye siye sazalwa ngumfazi, kwaye, njengokuba iBhayibhile isixelela, “bemihla embalwa, kwaye ezele lusizi kunye nenkathazo.”

⁶ Bawo, siye sazalwa kananjalo ngumniki Bomi, ukusuka eNdodeni. Indoda iza emfazini, kwaye intsobi iphuma endodeni; njengokuba uMoya Wakho wasibekela intombi enyulu, kwaye esizalweni sayo kwadalwa iSeli yeGazi; iSeli yeGazi, hayi elomYuda, hayi eleNtlanga, kodwa uThixo, wadala iGazi. Kweloo Gazi, sinamathemba ethu. Yayingelilo elomfazi, kananjalo ingelolandoda; yayilelikaThixo.

⁷ Ke Siyathandaza namhlanje, Nkosi, njengokuba sizibonile ngokwethu singamadlelane womthi ongumfazi, kwaye sonke simelwe kukuba sife ngokuba abukho ubomi emfazini, ngoku kananjalo, Bawo, siye sanikwa inyhweba yokuba ngamadlelane woMthi weNdoda, ntoleyo eyayinguKristu. Kwaye ngoku, ngaYe, sinoBomi, uBomi, iLizwi, lenziwa uBomi phakathi kwethu. Siphe, Nkosi, ukuba ezi zinto ziya kuba yinene kangako eBandleni, ukuba baya kubona, kwaye siya kuyiqonda iyure esiphila kuyo.

⁸ Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Kwanga kungangabikho mntu ubuthathaka phakathi kwethu, ngale mva kwemini, xana le nkonzo ivalayo. Yanga ingakhunjulwa ixesha elide kangako phakathi kwabantu! Banga abakhonzi Bakho, a—

abelusi, abelusi, banga bona nje bangaphembeleleka kakhulu ade amabandla abo abe nokuhlaziyeka kunye neenkonzo ezinkulu zenzeke, baze baqalise imvuselelo yodidi lwakudala kanye apha kwesi sixeko, phakathi kwabo, eya kutshayela iphondo kunye nesizwe, kunye nkqu nehlabathi ngobubanzi. Siphe oko, Nkosi. Uphethe izitshixo zalo mthandazo ngesandla Sakho. Sincede, siyathandaza, eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁹ UThixo umelwe kukuzisa umgwebo phezu komhlaba. Kwaye uThixo umelwe kukuba abe nento ethile apha, umgangatho, wokugweba ihlabathi ngawo, ngokuba lonto ayiyi kuba bubulungisa, kuThixo, ukuba agwebe ihlabathi, kwaye ihlabathi libe lingawazi umgangatho elinokuhamba ngawo. Bangaphi abakukholwayo oko ukuba yinyani? Ukuba icawe ingumgangatho, yeyiphi eyiyo? ILizwi, uThixo wathi Uya kuligweba ihlabathi ngoYesu Kristu. UliLizwi. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi ekunye noThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu.” “Ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.”

¹⁰ Ngoku ndifuna ukuthetha nani ngale mva kwemini ngomxholo ongaqhelekanga kakhulu, usenokuba njalo kuni. Kodwa, kulo mxholo, ndiya kunika iNkosi yam i-ityala elinobulungisa. Andiqondi ukuba Yafumana uhlobo olulungileyo lwetyala phambi kwenkundla kaPilato. A—andikholelwa ukuba Yaba—Yaba netyala elilungileyo, ke ngoko bafumana isiphoso kuYo, baza baYigweba nokuYibethelela emnqamlezweni. Kodwa siya kwenza, ngale mva kwemini, njengakweli tyala.

Kwaye uthi, “Ingaba uya kuYinika ityala?”

¹¹ Ukuba Uhleli eliLizwi, sinokuMnika ityala, ngokuba Yena useliLizwi nangoku. Kwaye singaMnika ityala. Kwaye ndifuna ukubona oko kule nkundla, ngale mva kwemini, njengokuba sithabatha esi sakhiwo ukuba simele inkundla, okokuba sifuna ukubona ukuba Ufumana ityala elinobulungisa, nokuba lingakuYe okanye ngokuchasene naYe. Sifuna ukunika amacala omabini. Kwaye ngoko, kweli tyala, ndifuna ukuMvavanya, ntoleyo iliLizwi.

¹² Ngoku, esi Sibhalo eso endisandula nje ukusifunda, uMarko isahluko se-16, nkqu kwanoGqirha Scofield apha uthi, “Ukususela kumqolo we-9 ukuya phambili, ayifumaneki kwimibhalo ngqangi emibini kweyona midala.” Ngokuqhelekileyo kuya kholelwa phakathi kwabantu, ukuba, abafundisi bethu namhlanje abafuna ukusikholelwa ngaloo ndlela, ukuba safakwa phaya yiVatican.

¹³ Kodwa ndafumana ukuba u-Irenaeus kunye nababhali abaninzi bokuqala babhekeisela kuMarko 16. Njengani bantu abangabanye abafunda imbali, imbali yeBhayibhile, nisazi

ukuba abo bapostile bokuqala, kwaye nkqu nasemva kokufa kukaYesu, kwaye xana uPolycarp, no-Irenaeus, noMartin oNgcwele, noColumba oNgcwele, nabo bonke abo, babhekisela emva kulo Marko 16. Ke kumele ukuba ubeyinene, okanye babengenakuze babhekisele kuye. Kwaye uYohane oNgcwele yayinguye owalungelelanisa iincwadi kunye, kwaye uPolycarp waye ngumhlobo osenyongweni waza wamncedisa ukuyenza lonto, ngokwembali.

¹⁴ Ngoku sifumanisa ukuba namhlanje abakukholelwa oko. Bazama ukumka kubunyani bokuba uThixo ekubeni eyinene; endaweni yoko, nje ngesibhengezo okanye invumo nkolo. UThixo oyinene, esi sahluko siya kuqondakalisa ukuba kunjalo, nabo bonke ubungqina obo abanokubufumana.

¹⁵ Njengomfundisi omkhulu othile, umongameli weeMishini zeSudan, inkosikazi yam encinci phaya yayikho xana wafikayo endaweni eyayam, uParis Reidhead. Kwaye wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyaqonda ukuba wawungumBhaptizi.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi, kunjalo oko.”

¹⁶ Kwaye wathi, “Ke,” wathi, “Ndifuna ukukubuza into ethile.” Wathi, “Xana ndandiyinkwenkwe encinci,” wathi, “Ndandinamava. Kwaye umama wahlamba nayo yonke into, ukuze andithumele esikolweni. Kwaye ndacinga, ngokwenene, ukuba xana ndifumana eyam i-B.A., ukuba ndiya kumfumana uKristu.” Wathi, “Ukuba, xana oko kwanikezelwayo kum, andizange ndaYifumana. Xana ndafumana iSidanga sam sobuGqirha, ndacinga ukuba ndiya kuYifumana. Xana ndifumana iLLD yam, ndacinga ukuba ndiya kuYifumana.” Wathi, “Mzalwana uBranham, ndinezidanga ezaneleyo, zombini zokoqobo kunye—zokoqobo kwaye kananjalo nezembeko, ukuba ndingatyabeka iindonga zakho ngazo. Kodwa uphi uThixo weBhayibhile?” Wathi, “Ingaba ootitshala babephosisa na?”

Ndathi, “Ndingubani mna ukuba ndithi ootitshala babephosisa?”

¹⁷ Wathi, “Ke, nantsi into endiyiqondayo, ukuba wajika waba ngumPentekoste.”

¹⁸ Kwaye ndathi, “Ke, anditsho ukuba ndi... Ndiya kholwa, xana ndazalwayo ebuKumkanini bukaThixo, ngokuzenzekelayo ndaba ngumpentekoste,” ndathi, “ngokuba ipentekoste ayingombutho. Bazamile ukuyenza wona, kodwa ayinguwo. UThixo uya kuzalisa umRhabe, umLutere, okanye nokuba ungubani na. Yabona, ke ngamava kwaye hayi umbutho. Awukwazi ukuyenza umbutho. Ingamava.”

¹⁹ Kwaye wathi, “Ke, ndifuna ukukuxelela ukuba yintoni eyenzekileyo.” Wathi, “Ukusuka e-India, kwezi ntsuku, bathumela abantu ngapha ukwenzela imfundo yabo.” Wathi, “Esikolweni sethu, kwakukho inkwenkwe elungileyo yomNdiya

leyo eyeza ngapha yaze yafumana imfundo yayo. Kwaye xana yabuyela umva..." Ndinga ukuba yayiya kuba, ndiyacinga, yinjineli yombane okanye into ethile. Wathi, "Kodwa xana thina..."

²⁰ Babenesikolo kanye njengokuba uMzalwana u-Oral Roberts enaso phezu phaya. Bafundisa ubunjineli nayo nantoni na.

²¹ Ke wathi, "Endleleni ebuyela umva, mna nomnye umlungiseleli, sathi kuyo, 'Ngoku, ubuyela e-India...'" Kwaye uyazi a—amaNdiya anqula uMohammed. Kwaye wathi, "Kutheni ungamshiyi umprofeti wakho omdala ofileyo, uze wamkele iNkosi uYesu evukileyo; kwaye uthabathe uThixo wokwenene ukuya e-Indiya kunye nawe, uxelele abantu bakowenu?"

²² Yathi, "Mhlekaazi," yathi, "yintoni iNkosi yakho uYesu enokundenzela yona ngakumbi kunalonto umprofeti wam anokuyenza?"

²³ Kwaye wathi, "Ke, iNkosi yam uYesu ingakunika uBomi obunguNaphakade. Sisithembiso eLizwini."

²⁴ Yathi, "Umprofeti wam, uMohammed, wathembisa kwaloo nto inye, elizwini lakhe."

²⁵ Kwaye wathi, "Ke, uyabona," wathi, "iNkosi yam uYesu ivukile kwabafileyo. Umprofeti wakho usengcwabeni."

²⁶ Yathi, "Ingaba Wavuka kwabafileyo?" Yathi, "Nibe neminyaka engamawaka amabini ukungqina lonto, kwaye amashumi asibhozo eepesenti ehlabathi akakaze eve malunga noko." Yathi, "Makhe uMohammed avuke kwabafileyo, kwaye ihlabathi liphela liya kwazi, kwiiyure ezingamashumi amabini anesine."

²⁷ Ngoku, wathi, "Ke, khangela," wathi, "UYesu uvukile kwabafileyo." Wathi, "Ndingayiqondakalisa lonto ngokuba Uphila entliziyweni yam," watsho umKristu.

²⁸ Kwaye umMohammed wathi, "Kwaye, mhlekazi, uMohammed uphila entliziyweni yam."

Wathi, "Kodwa, uyabona, sinamandla kunye novuyo."

²⁹ Wathi, "Mhlekaazi, inkolo ka-Mohammed inokuvelisa inzululwazi yengqondo kanye njengoko ubuKristu bunokwenza." Kwaye leyo yinyaniso.

³⁰ Ndibabonile belele esitratweni baze bakhwaze, "Allah," kwaye bangene kwimeko enjalo, babenokuthabatha... UBilly kunye nam sema saze sabukela indoda izihlaba ngekrele kanye phantsi kwentliziyo yayo; aze ugqirha aphakame phaya agalele amanzi kulo, kwaye aphume; alikhuphe, kwaye lingazange limenzakalise. Ubabone bethabatha iintsungu, baze bazifake phantsi kweenzipho zabo baze bazihlabe ngazo, bazihlabe ngeehuku empumlweni yabo, kwaye bangaze nkqu bazive

okanye bophe nethontsi. Banokuvelisa inzululwazi yengqondo engaphezulu kunokuba amaKristu enokwenza njalo.

³¹ Kwaye uMnu. UReidhead wathi kum, wathi, “Ndazi ukuba ndandingathethi nankwenkwe nje engenamava. Kwaye wathi, “Thina maMohammed silindile.”

³² Njengokuba benzayo kumzalwana wethu okhaliphileyo, uBilly Graham, nayifunda lonto ephepheni, xana umMohammed weza kuMnu. Graham, waza wathi, “Thabatha amashumi amathathu abantu abagulayo, kwaye ndiya kuthatha amashumi amathathu abantu abagulayo; kwaye uphilise amashumi amathathu akho, kwaye ndiya kuphilisa amashumi amathathu am ngoMohammed,” yabona, uMnu. UGraham wabaleka embonakalweni. Akazange amphendule.

³³ Andikholwa ukuba ngendakwenza oko. Bendiya kuba njengabantwana bamaHebhere, “UThixo wethu unako ukusihlangula koku.” Kutheni engazange athumele, afumane u-Oral Roberts okanye umntu othile? Ukuba wayengakukholelwa Oko, thumela ufumane umntu othile lowo ukukholwayo Oko. Kodwa, uyabona, ngamahlelo, owu, babeya kumlalela ngaphandle kanye ngoko. Unomsebenzi ekufuneka awenze.

³⁴ Nangona kunjalo, ngoko wathi, “Xana thina, ngaphaya e-India, sinibone nina—nina maKristu nivelisa loo nto uYesu awathi niya kuyenza,” wathi, “ngoko siya kunikholwa.” Yathi, “Wathi Wavuka kwabafuleyo, kwaye abantu babeya kwazi ngokuba niya kwenza kwaloo misebenzi minye leyo Awayenzayo.”

“Ke,” wathi, “senza imisebenzi emikhulu ngakumbi.”

³⁵ Yathi, “Andizange ndathi ‘emikhulu ngakumbi.’ Ndifuna nje ukubona imisebenzi leyo Awayenzayo, kuqala.” Ngokuba, uthetha, uyazi ukuba awuthethi kothile omncinci umfo ezantsi ekoneni, xana uthetha komnye wabo befundisi bezakwa-... bona kunye nemfundiso yabo yezakwalizwi. Ke wathi, “Sifuna ukubona imisebenzi leyo Awayenzayo.”

“Owu,” wathi, “mhlawumbi ubhekisa kuMarko 16?”

³⁶ Wathi, “Ewe, mhlekazi. Eso sesinye sazo, umyalelo Wakhe wokugqibela ebandleni.”

³⁷ Wathi, “Ke, ngoku, uyabona,” wathi, “abantu abaninzi ngokuyibaxa bakholelwa eso sahluko.” Wathi, “Kodwa safunda, ngcono kwizifundiswa esikolweni, ukuba uMarko 16, ukusuka kumqolo we-9 ukuya phambili, akaphembelelekanga ngokwenene.”

³⁸ Yathi, “Ngokuba, Mnu. Reidhead!” Wathi, “Yiyiphi inxalenye ephembelelekileyo ngoko?” Wathi, “Mhlawumbi yonke iphela aYiphembelelekanga. Yonke iKoran iphembelelekile. Loluphi uhlobo lwencwadi enilufundayo, ebizwa ngokuba yiBhayibhile?”

³⁹ Wathi, “Bendigqibile entliziyweni yam ukuba ndiya kuza ndithethe nawe. Ehe, bendiya kuthetha nawe.”

⁴⁰ Nantso ke. Ukuba *Oku* akuphembelelekanga, ngoko kuthini malunga nayo Yonke?

⁴¹ Lonto indikhumbuza ngenenekazi eChicago. Inkwenkwe yalo yaya esikolweni sakwalizwi, ukuya kufundela ukuba ngumlungiseleli, esithile isikolo seBhayibhile kunye nesikolo sakwalizwi. Kwaye ngelithuba ingekhoyo, umama omdala wagula ngenene kakhulu. Kwaye ke bathumela ilizwi kwinkwenkwe ukuba ‘ilindele,’ umama wayo onomkhuhlane omkhulu kangako, wayenenyumoniya, kwaye bathi (yena) ku—kusenokuba ngumnxeba ongxamisekileyo. Ke inkwenkwe yapakisha iimpahla zayo yaza yalungela. Ekugqibeleni, ngosuku olulandelayo, ayizange yeva lizwi kubusuku bonke, kwaye ngosuku olulandelayo, yathi, “Konke kulungile.”

⁴² Ke malunga nonyaka kamva, yabuya ivela esikolweni esiseMpuma, isikolo esithile esikhulu sokufundisa. Kwaye yeza ekhaya yaza yabulisa umama wayo oxabisekileyo, yaze yathi, emveni kokuba ithabathe ithuba, yathi, “Mama, andizange ndilifumane ithuba lokukubiza ukuba yintoni eyenzekayo.” Yathi, “Ngobunye ubusuku bandixelela ukuba ‘ndilindele,’ kwaye ngentsasa elandelayo, bathi wawu ‘philile.’” Yathi, “Sesiphi isiyobisi u—ugqirha asisebenzisileyo?”

Wathi, “Sthandwa, ugqirha akazange asebenzise kwanto.”

Wathi, “Ke, wawenza njani?”

⁴³ Wathi, “Uyayazi apho laa mishini incinci ikhoyo ezantsi apha kwi...phantse ukuya kubume besangqa, phaya esikwereni?”

“Ewe.”

⁴⁴ Wathi, “Kwakukho inenekazi. Babenomhlangano womthandazo ezantsi phaya, ngobunye ubusuku, kule mishini incinci, elaa gquba lincinci lithobekileyo lilusizana lwabantu, kwaye,” wathi, “omnye wabo waphembeleleka ukuba eze phezulu apha aze kundibona. Kwaye abafazi ababini beza, kwaye bandibuza ukuba babenokunyusa umalusi wabo aze—aze andithandazele, kwaye andithambise nge-oli, kwaye—kwaye,” bathi, “baze babeke izandla zabo phezu kwam, ukuze ndiphile.” Kwaye wathi, “Uyazi, ndabaxelela ukuba ‘ngokuqinisekileyo.’ Kwaye bamnyusa umalusi, waza wabeka izandla zakhe phezu kwam, kwaye wathandaza.” Kwaye wathi, “Sthandwa, wayifunda lonto kanye ukuphuma eBhayibhileni, UMarko isahluko se-16, wathi, ‘Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.’” Kwaye wathi, “Uyazi yintoni? Ngentsasa elandelayo, ugqirha wayedidekile, wayengayazi into emakayenze. Kwakungekho mkhuhlane kum.”

45 “Owu,” yathi, “Mama, awuzange wazibandakanya nelaa qela, awunjalo?” Yathi, “Yabona,” yathi, “thina esikolweni, siye safunda ukuba uMarko 16, ukususela kumqolo we-9 ukuya phambili, akaphembelelekanga.”

Wathi, “Uzuko kuThixo!”

46 “Ngokuba,” yathi, “mama, uqalisa ukwenza njengabo bantu.”

47 Wathi, “Bendicinga nje into ethile.” Wathi, “Bendifunda iBhayibhile, konke ukutyhubela, kunye nezinye izithembiso kwezinye iindawo, kananjalo, ezifanayo neso.” Kwaye wathi, “Bendicinga nje, ukuba uThixo angandiphilisa ngesingaphembelelekanga, yintoni Angenza ngeso ngenene esiphembelelekileyo?” Kunjalo oko.

48 Kum, sonke siphembelelekile. Thixo, ndinike ukholo lokuyikholelwa kwaye liqinisekise!

49 Ngoku siya kutshintsha ngoku, okwemizuzu nje embalwa, kwityala lenkundla. Ngoku, khumbulani, siya kungenza kwigumbi lenkundla, ukuze sizise uYesu, uThixo, embonakalweni apha, kwaye siMnike ityala ngokufanelekileyo. UseliLizwi, nkqu nanamhlanje, (ingaba niya yikholwa lonto?), nje ngokukwakunye njengokuba Waye liLizwi ngoko. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

50 Ngoku, eli tyala, unobangela walo, zi—zizithembiso zeLizwi likaThixo ngokuqubisana nehlabathi. Ngoku fumana ukumila okukuko ngenene okanye awusoze ulibambe. Unobangela wokubekwa kweli tyala, kukwaphulwa kwesithembiso, “UThixo ongaligciniyo iLizwi Lakhe.” Kukwaphulwa kwesithembiso. Uyayazi ukuba loo nto iyintoni na.

51 Ngoku, sihlala sifumanisa ukuba igqwetha elitshutshisayo kufuneka ukuba limele urhulumente, ndicinga ukuba oko kunjalo, igqwetha elitshutshisayo. Ukuba kukho igqwetha elihleli apha, ndiyathemba ukuba ndifumene oku kakuhle. Iqwetha elitshutshisayo kufuneka ukuba limele urhulumente. Ke igqwetha elitshutshisayo kweli tyala ngumtyholi, etshutshisa iLizwi likaThixo.

52 UMmangalelwa weli Lizwi, nguThixo ngoKwakhe, ngokuba Yena uliLizwi.

Ingqina eliKhuselayo, kweli tyala, nguMoya oyiNgcwele.

53 Kwaye u—umtshutshisi unamangqina athile apha emva kwale mini. Kwaye la mangqina, elinye lawo, nguMnu. Ongakholwayo, elilandelayo nguMnu. Mthandabuzi, kwaye elilandelayo nguMnu. Ongenamonde. Baya kuziswa eqongeni, baze bafungiswe, kwaye bavavanywe.

54 Ngoku ninabo ubume bekundla, uThixo ubekwa ityala lihlabathi, ngokuba, “Akalgcini iLizwi Lakhe.” Kwaye igqwetha elitshutshisayo limele urhulumente, ntoleyo imele

ihlabathi. Kwaye igqwetha elitshutshisayo ngumtyholi, lowo ukhanyelayo ukuba iLizwi linyanisile.

⁵⁵ Kwaye igqwetha elitshutshisayo, namangqina alo, lizisa amangqina amathathu ngokuchasene neLizwi likaThixo. Kwaye ukungqina lonto, liya kuyingqina lonto kuni, ngale mva kwemini, ukuba, “UThixo akaligcini iLizwi Lakhe, kwaye Lona akufuneki—Lona akufuneki liphazanyiswe. Lona nje aliyonyani. Akukho nto yaLo eyinyani.”

⁵⁶ Kwaye umMangalelwa nguThixo, lowo uyiMbhangi kunye neLizwi, lalo mhla, into efanayo njengaloo mhla okanye nawuphi na omnye umhla.

Kwaye igqwetha elitshutshisayo linamangqina alo.

⁵⁷ Ngoku uthi, “Iphi ikomiti egwebayo?” Ndithetha kuyo. Niyi komiti egwebayo, kwaye kananjalo ningumgwebi. Ngoku kubekeni oko engqondweni, nikuko kokubini ikomiti egwebayo kunye nomgwebi, kwityala. Mna nje ndisisithethi.

⁵⁸ Ngoku sinenkundla icwangcisiwe. Ngoku ucwangco ngoku luyabizwa ngumtshutshisi. Ucwangco luyabizwa kwigumbi lenkundla, ngale mva kwemini, ukuba kuziswe eli tyala ku—kumanqam.

⁵⁹ Ngoku abantu abaninzi baye bakuxelela ukuba, “iLizwi likaThixo alithembekanga. Awukwazi ukuxhomekeka kuLo,” na njalo njalo, kwaye nikuvile konke oku. Ngoku masiLizise kwityala lokwenene. Bangaphi abathandayo, phakamisani isandla senu nithi, “ndingathanda ukuva; kwaye uYesu Kristu, lowo uliLizwi, afumane ityala ngokufanelekileyo”? Kwaye enkundleni yethu, ngale mva kwemini, siya kuMnika ityala ngokufanelekileyo. Nje luyeke utshaba luthabathe amazwi otshaba, kwaye nantoni na olunokuyithetha, kwaye sibone ukuba injalo na. Masilombeni ukwehla kwaye sinike uYesu Kristu, iLizwi, ityala elifanelekileyo ngale mva kwemini.

⁶⁰ Ngoku, inkundla ibizelwa kucwangco, ingqina lokuqala umtshutshisi afuna ukulizisa kwindawo yokuma... kwindawo yokuma nguMnu. Ngakholwayo. Uthabatha indawo yokuma ukuba anike ubungqina. Ngoku khumbula, uMnu. Ngakholwayo. Ungaphoswa ngaba balinganiswa ngoku, okanye uya kuphosa into ethile, usenokuphosa impiliso yakho.

⁶¹ UMnu. Ngakholwayo uza kwindawo yokuma, ukuze angqine. Isikhalazo sakhe kukuba, ukuba, “Lonke iLizwi likaThixo ledinga aliyonyani. Aliyiyo inyani.” Ubanga ukuba, kuMarko 16, walungiselelwa kuye—kuye kwinto ebizwa ngokuba ngumhlangano woMoya oyiNgcwele. Kwaye ube nenkathazo yesisu iminyaka ethile, kwaye waya endaweni apho babekho, into abayibiza ngokuba, “ngumhlangano woMoya oyiNgcwele,” kwaye wayekholelwa ukuba esi sithembiso sikaMarko 16 sasiyinyani. Kwabekwa izandla phezu kwakhe ngokwesithembiso sikaThixo.

⁶² Akananto anokuyithetha ngokuchasene nomlungiseleli; wayifunda kanye ukuphuma eLizwini. Akatshutshisi umlungiseleli; utshutshisa uThixo. Ngokuba, akulotyala lamlungiseleli, umlungiseleli ufunda kuphela loo nto uThixo athe mayenziwe. Kwaye uThixo ngokwenene wathi, kuMarko 16, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo; ukuba bathe babeka izandla zabo kwabagulayo, baya kuphila.”

⁶³ Kwaye uthi ulikholwa, kwaye uye weza kumhlango onjalo ofana nalapho babeshumayela uMarko 16 ukuba uyinyani. Kwaye umlungiseleli, ngoBhaptizo loMoya oyiNgcwele, wabangwa ukuba ulikholwa kwaye ungumlungiseleli othunyelwe ukuba enze loo msebenzi, wabeka izandla zakhe phezu kwakhe. Kwaye oko kube kukwiinyanga ezimbini ezidlulileyo, kwaye isisu sakhe sibi njengokuba sakha sabanjalo. Ke ngoko, ubanga ukuba uThixo akalolungisa, ukuba abeke into elolo hlobo eLizwini, xana ingeyiyo inyani.

Ngoku makhe ehle. Uye wangqina.

⁶⁴ Olandelayo kwindawo yokuma nguMnu. Mthandabuzi. Ufuna ukunika ubungqina. UMnu. Mthandabuzi uthi ukuba waye khathazwa yi—yi TB, malunga neminyaka elishumi elinesihlanu. Kodwa yayingekayeki nangoku, yaqhubeka nje nokubonakala, nje iqhubeka—iqhubeka ukuya phambili. Ubeya kuba ngcono nje kancinci, aze emva koko aqhubele phambili. Kwaye weva ngendawo esixekweni apho kwakufanele ukuba kubekho umshumayeli onobuthixo eshumayela, kwaye abantu babebanga ukuba baphilisiwe ngokwedinga eliphuma kuThixo, elifunyanwa kuYakobi 5:14, apho eLizwini likaThixo lithi, “Ukuba ubani uyagula phakathi kwenu, makabize amadoda amakhulu ebandla; aze abathambise nge-oli aze athandaze phezu kwabo; umthandazo wokholo uya kubasindisa abagulayo, kwaye uThixo uya kubaphakamisa.”

⁶⁵ Kwaye yena ekubeni egula, kwaye elikholwa, waya kulo mhlango apho bonke aba bantu babanga ukuba babeye baphiliswa ngulo malusi nobuthixo. Kwaye walungiselelwa khona, ngokukaYakobi 5:14. Kwaye umalusi walungiselela kanye ngokweLizwi, wamthambisa nge-oli waza wamthandazela, umthandazo awaye umalusi wathi yayi “ngumthandazo wokholo,” oko wakukholelwa. Kwaye oko kube kuphantse kube ngunyaka odlulileyo, kwaye akazange abe naso nasinye isiphumo ukusuka kuwo, ke ngoko laa Mnu. Mthandabuzi ubanga ukuba uThixo akanabulungisa ukuba abeke isithembiso esinjengeso eBhayibhileni aze emva koko angemi emva kwaso.

Ngoku, khumbula, ndifunda izithembiso zeVangeli ezeleyo apha.

⁶⁶ Ingqina elilandelayo liya kuza endaweni yokuma ngoku. Umtshutshisi ubiza ingqina lakhe elilandelayo, ngaphambi

kokuba aqinisekise ityala ngokupheleleyo. Ingqina lakhe elilandelayo nguMnu. Ngenamonde.

⁶⁷ Ngoku aba ngabalinganiswa abangaphezu kwendalo abo abahlala kwizimilo. Yabona, ngoku, baya kwenza.

⁶⁸ Ke uMnu. Ngenamonde uyeza, kwaye ubanga ukuba yena ngenye imini waye funda eBhayibhileni. Akazange aye ezicaweni, kodwa waye . . . waye likholwa. Ke omnye wabo waya kumvangeli, waza omnye waya kumalusi, kwaye lo mfo nje waye likholwa lemfihlo elo elalihlala ekhaya. Kwaye wahamba waya kwaye wayefunda kuMarko isahluko se-11, umqolo wama-22 nowama-23; ukuba nizibhala phantsi ezo Zibhalo. Apho, uYesu ngoKwakhe, ebanga ukuba unguThixo, u-Emanuweli, wayenza le ngxelo ngemilebe EyiyeYakhe, “Inene, inene, ndithi kuni, nabani na oya kuthi kule ntaba, ‘Funquleka,’ kwaye ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa ukholwe ukuba loo nto uyithethileyo iya kwenzeka, ungaba nayo loo nto uyithethileyo.” Kwaye Wathi kananjalo, ukuba, “Xana sukuba nithandaza, kholwani ukuba niyayamkela loo nto eniyicelileyo, kwaye iya kunikwa kuni.”

⁶⁹ Uthi ube sisiqhwala ezinyaweni zakhe, malunga neminyaka engamashumi amabini anesihlanu. Kwaye eminyakeni emihlanu eyadlulayo, ngelithuba ehleli egumbini, eziva ukuba waye phembelelekile ukuba afunde iLizwi elo awaye banga ukuba waye likholelwa, kwaye ngentliziyo yakhe yonke waye likholelwa. Kwaze emva koko wathi, ngezwi elilelakhe, “Buqhwala emilenzeni yam, eGameni likaYesu Kristu, ndishiye,” watsho. Kwaye oko bekuseminyakeni emihlanu eyadlulayo, kwaye usesisiqhwala nje kangangoko wakha waba siso.

⁷⁰ Ke, ke ngoko, uMnu. Ngenamonde ufuna ukubeka ubungqina bakhe ngokuchasene neLizwi ekubeni lelingenamposo, ufuna ukububeka nxamnye neBhayibhile ekubeni iLizwi eliphembelelekileyo, waza wathi esi sithembiso asiyonyani; uye waSivavanya, kwaye “Besingeyiyo inyani.” UMnu. Mthandabuzi wathi waSivavanya, kwaye “Sasingeyiyo inyani.” UMnu. Ngakholwayo wathi waSivavanya, kwaye “Sasingeyiyo inyani.” Onke la mangqina mathathu anikela ufundo lweSibhalo, izithembiso ngokweSibhalo, aze athi esi sithembiso sifundeka ngolu hlobo, ungasifunda ukuphuma eBhayibhileni, kwaye bangamangqina ukuba “AsiyoNyaniso.”

⁷¹ Ke ngoko, iBhayibhile imelwe kukuba ilahlwe; kuba, ukuba inxalenye enye yaYo, umqolo omnye waYo awunakuthenjwa, andinakuthemba nawuphi na waYo. Kufanele ukuba yonke ibe yiNyaniso, okanye akukho nanye uYaYo eyiNyaniso. Ityathanga lingcono kwelona khonkco lalo libuthathaka kakhulu. Niyayazi loo nto endiyithethayo.

⁷² Ngoku umtshutshisi uyenyuka ngoku ukuza kuzisa ubutshutshisi kunye nokuqinisekisa ityala ngokupheleleyo. Ufuna ukuliqinisekisa. Ngoku khangela oko akutshoyo. “UThixo akenziwa msulwa ngokubeka izithembiso ezinjalo ezibonakala ngathi azicingisiswanga eLizwini Lakhe, ukwenzela abantwana Bakhe abakholwayo ukuze avavanye ukholo lwabo ngazo, ngokuba aziyo nyani.” Unamangqina apha, okuqondakalisa ukuba eli Lizwi athe uThixo walithembisa eLizwini Lakhe ukuba liyiNyaniso, unamangqina ahleli apha, kwaye angabonisa ngobungqina bukagqirha nangobungqina, ukuba ayegula, babe *koku*, babe *kokuya*. “Kwaye bamkele ezi ziNgcwele, ekufanele ukuba zazinjalo, iZibhalo eziphefumlelweyo, zaze zabekwa kuvavanyo, kwaye aziyonyani.” Unamangqina okungqina lonto, okokuba, “La Mazwi akayonyani, kuba Wasilela ngamnye wabo ngoko.”

⁷³ Ngoku, ngoku qaphela kwakho. “Kwaye Wasilela. UThixo wasilela ukwenza la makholwa, lawo akholwayo eLizwini Lakhe, alithabatha kanye ngokuchanekileyo, ahamba ngendlela yesihelo, kanye loo nto Awayithethayo, kwaye ngoko uThixo akazange ashukumise nomnye ekwenzeni nantoni na ngokubhekisele kwidinga Lakhe; iminyaka neminyaka yadlula.” Emva koko wathi, “Kuthini ukuba ezinye iZibhalo, ezinjengokubhaptizwa, ‘lowo ukholwayo waza wabhaptizwa uya kusindiswa,’ ngoko akukho mntu usindisiweyo? Kuthini ngezi Zibhalo ezo ezathembisa ukuba Uya kubuya? Akukho nasinye kuzo esilungileyo. Ngokuba, ezi azikhonjalo, kwaye *oko* akulunganga. IyiNcwadi nje yentsomi. Kwaye aba bantu bangamakholwa. Ukanti, Yena, uThixo, uthembise ukuba zonke izinto zinokwenzeka kumakholwa, kwaye la ngamakholwa.

⁷⁴ “Ukanti, kwakho, Ubanga ukuba uyaphila emva kokubethelelwa Kwakhe emnqamlezweni. IBhayibhile itsho, ukuthi, ‘Uye wavuka kwabafileyo, kwaye uhleli ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.’ Kwaye akukho namnye owakha wayibona le Ndoda inamanxeba ezikhonkwane ezandleni zaYo, ihamba phakathi kwebandla, na njalo njalo. Kwaye amaHebhere 13:8 akanjalo. Akanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, kuba Akazange abe ngaphezu komntu. Akakwazi ukusigcina sithembiso Sakhe. Uye waqondakalisa, ngala mangqina, Akasigcini isithembiso Sakhe, ke ngoko iNcwadi imelwe kukuphoswa kumgqomo wenkunkuma kwaye kulityalwe ngayo. Ayikho into enjalo.”

⁷⁵ Ngoku, khumbula, ndisebenzisa izwi lomtshutshisi, eqinisekisa ityala lakhe ngokupheleleyo. “Kulungile, Wathi kuLuka 17:30, apho Wathi, ‘Ngemihla yokugqibela, uNyana womntu uya kutyhilwa,’ uThixo uya kuzityhila ngoKwakhe kwiMbewu ka-Abraham,” njengokuba weva umshumayeli oyibaxayo eshumayela ngaxesha lithile kwaye watsho ukuthi Uya kuzityhila ngoKwakhe kwakhona ebantwini, obizwa

ngokuba nguNyana womntu.

⁷⁶ “ISityhilelo 10, Uthi ukuba Yena ubanga ukuba ungumthunywa wokugqibela, ngokwesigaba sebandla eLawodike, eso esasiya kuba dikidiki, ukuba uYesu uya kube (lowo owayeliLizwi) ekhutshelwe ngaphandle ebandleni. Wabanga ukuba ngezi zigaba zexesha ukuba kube kukho izinto ezo ezingazange zityhilwe kubahlaziyi kwimihla yangaphambili, kodwa ngemihla yokugqibela, oko, isiphelo, ingelosi yesixhenxe, uMyalezo womthunywa wesixhenxe, ukuba zonke ezi Zibhalo ziya kwenziwa zibe yinene kwaye zibonakalaliswe. Akukho mntu unjalo emhlabeni, akazange abekho kwaye akasayi kubakho,” uyabanga.

⁷⁷ Ubanga ukuba, kuko oko, “UTHixo ubanga eBhayibhileni Yakhe, ukuba ibandla liya kuba sesikweni kwaye limke kulo, ukuba kuMalaki 4 Uya kuthumela kwakho umprofeti, lowo Yena asele emthumele, kabini, u-Eliya noYohane umBhaptizi. Uya kuthumela umprofeti ngama . . . kwaye uya kuba kumandla ka-Eliya. Kwaye ulungiselelo lwakhe, izenzo zakhe, yonke into, iya kuba ngu-Eliya. Kwaye ngoko kulungiselelo lwakhe, uya kube ebiza abantu ukubasusa kule meko isesikweni, ukubuyela kolwenene uKholo loqobo loobawo abangabapostile. Kwaye akukho nto injalo iqhubekayo.

⁷⁸ “Kwaye Yena kananjalo wabanga ukuba kokubini izulu nomhlaba ziya kusilela, kodwa iLizwi Lakhe alisayi kusilela.” Kwaye uthi unobungqina apha, ngale mva kwemini, ukubonisa ukuba Liyasilela. “Kwaye ungubani na lo Yesu lowo owavuka kwabafileyo? Nonke ninemihlali kwigquba lepsychology yasengqondweni. Kwaye akukho nto injalo; nithembele kwithemba lobuxoki.”

⁷⁹ Ngoku, ndicinga ukuba kumalunga nokwanela kuye ukuba athethe. Ndicinga ukuba uthabathele yonke iBhayibhile ngaphakathi. Ngoku makhe ahlale phantsi, umtshutshisi. Ngoku makhe nengqina lomtshutshisi lehle kananjalo. Bayehla ukusuka kwindawo yokuma.

⁸⁰ Kwaye eqongeni ngoku, siya kubiza iNgqina eliKhuselayo, uMoya oyiNgcwele. Uyeza ukuba athethe. Ndiyathemba niya yibona indlela umtshutshisi aye waliqinisekisa ngayo ityala lakhe ngeSibhalo. Ngoku, iNgqina eliKhuselayo, ntoleyo inguMoya oyiNgcwele, liza ukuba likhusele uMmangalelwa, iLizwi. Ndicinga ukuba bebengenakufumana elinye elingcono.

⁸¹ Okokuqala, Utsalela ingqalelo kule nkundla, ukuba itoliki yeLizwi likaThixo, kubantu, umtshutshisi, ukwa yiloo toliki inye eyatolika iLizwi likaThixo ku-Eva. Ufuna inkundla ukuba ikuqonde oko, ukuba itoliki iyitoliki ka-Eva, ntoleyo eyathi yonke indawana yaYo yayilungile ngaphandle nje kweLizwi elinye. Kwaye Ufuna nina nikwazi ukuba kananjalo . . . Yena yayinguLowo, khumbulani, Owabhala iBhayibhile. Yena

kananjalo ufuna ukuba nazi, ukuba, ekuqalekeni, elaa lizwi linye elasuswayo eLizwini likaThixo, labangela konke ukufa kunye nosizi nokugula. Kwaye Ufuna nazi ukuba uThixo kananjalo wathi, eLizwini Lakhe, esahlukweni sokugqibela, ngokufanayo nesokuqala, ukuba, “Nabani na oya kuthabatha nantoni na ayikhuphe Apha, okanye afake nantoni na eyenye kuYo, isabelo sakhe siya kususwa eNcwadini yoBomi.” Kumele ukuba kube liLizwi, kwaye Lona lodwa. Ufuna inkundla yazi ukuba ngubani na owenze konke oku kuqinisekisa kunzima ngoku, yitoliki ka-Eva.

⁸² Ufuna nina oku...ukutsalela ingqalelo yale nkundla kwakhona, oko kukuthi, iNgqina eliKhuselayo, Ufuna ukubizela kule nkundla kwaye anibonise ukuba izithembiso zezabo bakholwayo kuphela; hayi amakholwa okuzenzisa, abangenamonde, okanye abathandabuzi. Utshintsha umfanekiso akenzi njalo? Lona kuphela...Hayi kuloo nto abantu leyo abazibiza ngokuba ngamakholwa; sesamakholwa odwa, hayi kwabo abathi bangamakholwa. USathana uthi ulikholwa, naye, uyazi. Asisesabo. Sesamakholwa okwenene kuphela.

⁸³ Kwaye eliNgqina liKhuselayo limelwe kukuba lazi ukuba aba bantu bangamakholwa na okanye hayi, ngokuba, emva kwako konke, iNgqina eliKhuselayo li—lingumdlisi wobomi weLizwi ngokwaLo. Liyazi ukuba nokuba uyakholwa na okanye hayi. LinguLowo owanikwa nguThixo, ukuze aLenze lenzeke. Haleluya! LinguLowo ukungqinayo oko. LinguLowo oLenza ukuba lenzeke. LinguLowo Owaziyo nokuba Liwele kwindawo eyiyo na okanye hayi, eli Ngqina liKhuselayo leLizwi. Qaphela, Lifuna ukukhumbuza kwakho kumakholwa, iNgqina eliKhuselayo liyazi nokuba lilo na okanye hayi, Lona lingumdlisi wobomi weLizwi.

⁸⁴ Kwaye kwakho Litsalela ingqalelo yale nkundla kwiLizwi ledinga elo lingaqondwayo kakuhle. Akazange amise naliphi na ixesha elithile lokuba ezi zinto zenzeke.

⁸⁵ Yabona indlela abanokulifunda ngokungekuko iLizwi kuwe? Ngoku aba bafu abo abathi, “Makhe ndibone *oku* kusenzeke,” uyabona, abalifundi nkqu iLizwi kakuhle. Oko kukuthi, ukuba umntu ulikholwa lokwenene, Akakaze nangoko amise nawuphi na umlinganiselo wexesha.

⁸⁶ Lona kananjalo lifuna inkundla ikhumbule ukuba eli Lizwi libhaliwe, kwaye uYesu Kristu, iLizwi elibonakalalisiweyo, wathi, “iLizwi liyimbewu leyo umhlwayeli awayihlwayelayo.” Kwaye imbewu kuphela inokuzivelisa ngokwayo, ivelise isithembiso sayo, ukuba ikuhlobo olululo lomhlaba olo oluya kudlisa ubomi imbewu. Amen. Liluhlobo lokutshintsha i—ityala, asinjalo? Limelwe kukuba libe kwindawo efanelekileyo.

⁸⁷ Ukhozo lwembewu lulele kule desika alunakuze lukhulise isivuno. Ukhozo lo—lombona apha, kwilite oluluhlaza, alunakwenza kwanto. Ukhozo lombona lumelwe kukuwela emhlabeni lowo ubuchunyiselwe olo khozo lombona, okanye aluyi kukhula.

⁸⁸ Kwaye uThixo wathi iLizwi Lakhe liyimbewu leyo umhlwayeli awayihlwayelayo, kwaye imelwe kukuwela kuhlobo olululo lomhlaba. Loo mhlaba lukholo. Yimbewu, kwaye imelwe kukuwela kulo mhlaba, okanye ayinako ukudliswa ubomi. Ngamanye amazwi, uMoya oyiNgcwele, iNgqina eliKhuselayo apha, uthi ukuba Yena akanako nkqu nokuza kuyo ide iwele kuhlobo olululo lomhlaba. Lingumdlisi wobomi wayo.

Ingqina eliKhuselayo libiza ingqina lalo lokuqala.

⁸⁹ Ndinga ukuba umtshutshisi ube nokubiza amangqina, apha emhlabeni, lawo angqina ukuba iLizwi laliphosakele, ndicinga ukuba iNgqina eliKhuselayo linlungelo lokubiza amangqina lawo anokuqondakalisa ukuba Linyanisile. Ngokuba, umbuzo ngoku uphakathi kwamakholwa nabangakholwayo, kunye neLizwi, njengokuba iLizwi likhula.

⁹⁰ Ingqina eliKhuselayo lifuna ukwazisa kule nkundla, ngale mva kwemini, ingqina lokuqala, nguNowa. UNowa watsho ukuthi waye phila kwelona xesha lenzululwazi. UNowa ufuna ukungqina. Kwaye wathi wayephila kumhla apho abantu babemkile kwimimangaliso kunye nezinto. Kwaye weva iLizwi likaThixo limxelela ukuba Wayeya kulitshabalalisa ihlabathi ngamanzi, kwaye amanzi ayakuhla evela ngentla. Iya kuna, ntoleyo ingazange yenzeka ngaphambili. Kodwa watsho ukuba i—iLizwi likaThixo, yena ekubeni engumprofeti, iLizwi leza kuye, waza waya ekushumayeleni ukuba iLizwi laliya kwenzeke, ngokuba LalinguThixo. Kwaye ufuna kananjalo ukwazisa le nkundla ukuba uMnu. Ngakholwayo, uMnu. Mthandabuzi, noMnu. Ngenamonde, bamlinga ngalo lonke ixesha. Kodwa ekubeni engumprofeti, esazi ukuba uThixo waye ngenakuxoka, wabambebelela eLizwini, kungakhathaliseki.

⁹¹ Beza kuye kwaye bathi, “Ngoku, Nowa,” uMnu. Ngakholwayo wathi, “uya kuqondakalisa njani ukuba kukho imvula phezulu phaya?”

⁹² “Andiyazi apho ikhoyo. Kodwa ukuba uThixo watsho njalo, oko—oko kuya yigqiba lonto.”

“Iya kuna njani xana kungekho mvula phezulu phaya?”

“Andazi. Kodwa uThixo watsho njalo, kwaye oko kuya yigqiba lonto.”

⁹³ UMnu. Mthandabuzi weza waza wathi, “Ukuba bekuya kubakho into efana nemvula eyehla phaya, ngoko Uya kunyanzeleka ukuba ehlele apha aze afumane imvula kwaye ayithabathele phezulu phaya. Ingaba Uya kukwenza njani oko?”

“Andazi.” “Kwaye emveni kokuba ndiwakhile umkhombe...”

⁹⁴ Okokuqala ufuna ukuthi, ukuba xana esenza lengxelo, ekubeni engumprofeti phakathi kwabantu, wonke umntu wamhleka, waza wathi, “Andiboni nayiphi na imvula.”

⁹⁵ Ke, xana waye siya kusebenza emkhombeni, bathi, “Mhlawumbi emveni komkhombe...” UMnu.—UMnu. Ngenamonde wazama ukumxelela, “Mhlawumbi emveni kokuba umkhombe wakhiwe, emva koko kuya kuza imvula.” Kodwa xana umkhombe wagqitywayo, nangoko ayizange yana.

⁹⁶ Ayizange yana ngosuku olulandelayo, ayizange yana kwiveki elandelayo, ayizange yana—ayizange yana kwinyanga elandelayo, kunyaka olandelayo. Kwaye xana wawugqibezelayo umkhombe, nangoko ayizange yana.

⁹⁷ Kwaye ngoko wathi, ngenye imini iZwi likaThixo labuyela kuye laza lamxelela ukuba uya kubona umqondiso wamandla angaphezu kwendalo phakathi kwendalo, wokuba iintaka nezilwanyana ziya kungena koku. Kwaye ngoko uMnu. Ngakholwayo wamhleka waza wathi, “Ube yindawo yokuhlala yeentaka. Wenze indawo yokuhlala yeentaka, endaweni yoko.” Kwaye bonke bahleka baze bahlekisa ngaye.

Kodwa, ngenye imini, uThixo wathetha kuye, waza wathi, “Ngena emkhombeni.”

⁹⁸ Kwaye uNowa wema emnyango waze wathi, “Nifumana ukubizwa kwenu kokugqibela. Ngenani!” Kwaye akukho mntu owangenayo ngaphandle kosapho olulolwakhe.

⁹⁹ Ke uthi wangena emkhombeni. Kwaye wathi kusapho lwakhe oluncinci oluthandekayo, ngoku, lo ngumprofeti uNowa, “Owu, kwenye iyure, akuthandabuzeki, imvula iya kube isina.”

¹⁰⁰ Kwaye xana wangenayo, ucango ngokwamandla angaphezu kwendalo lwavaleka emva kwakhe. Wathi, “Niyabona ngoku, sthandwa,” kwinkosikazi yakhe, koomolokazana bakhe nakoonyana bakhe, “sitshixelwe ngaphakathi nguThixo.

¹⁰¹ “Ngoku sinefestile phezulu apha. Balekani ninyuke ngeezinyuko, ngokukhawuleza ngenene. Musani ukuyiphosa. Balekelani phezulu, ngokukhawuleza ngenene, kwaye niye phezulu apha ngoku. Ilungiselela ukuna, akuthandabuzeki.”

¹⁰² Kwaye abathile babantu phandle phaya abo abamvayo eshumayela, bathi, “Asazi ukuba laa mbaxi mdala unokuba ubenyanisile na?” UMnu. Ngakholwayo, uMnu. Mthandabuzi, uMnu. Ngenamonde, bonke beza, bathi, “Siya kufumanisa.” Bathi, “Nowa ingaba ungaphakathi phaya?”

“Ewe.”

“Vula, singathanda ukukhangela sijikeleze.”

103 “UTHixo uluvalile ucango. Andikwazi ukuluvula. Akukho ndawo yakuvula apha yokuba ndivule ngayo.”

104 Ngoku bathi, “Igeza elidala, lingene ngaphakathi phaya laza lavalala olwaa cango, kwaye lizama ukusenza sicinge. . . Yinto yobuxoki. Uzama ukusoyikisa.”

105 Kwaye nango amangqina womtshutshisi, ehleli phaya, emamele kuko konke oku, ngokuba banetyala lokuyenza lonto. IBhayibhile yatsho njalo, “Abagxeki!”

“Kwaye bandigxeka, bahlekisa ngam.

106 “Kwaye nkqu, ngokwam, ndandikhangele imvula. Imini yonke, kwakungekho mvula. Ngosuku olulandelayo, kwakungekho mvula. Ngosuku olulandelayo, kwakungekho mvula. Iintsuku ezine, akukho mvula. Iintsuku ezintlanu, akukho mvula. Iintsuku ezintandathu, akukho mvula. Kodwa uThixo akazange andixelele ukuba iya kuna nini na, Yena nje wathi, ‘Iya kuna.’ Akazange amise nawuphi na umlinganiselo wexesha. Wathi nje, ‘Iya kuna.’”

107 Akazange athi, “Nje kwakamsinya nakuba nibeke izandla kwabagulayo, baya kuxhuma phezulu baze babaleke bajikeleze emgangathweni,” njengokuba umthandabuzi efuna ukukwenza ucinge. Wathi, “Baya kuphila.” Akazange watsho ukuba nini, njani. “Baya kuphila!”

108 Wathi, “Umthandazo wokholo uya kumsindisa lowo ugulayo,” kuYakobi 5:14, “uThixo uya kumvusa.” Nini? Akazange atsho. Wathi nje uya kuphila.

109 UMarko 16, Wathi, “Yithi kule ntaba, ‘funquleka,’ kwaye ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa ukholwe ukuba oko ukuthethileyo kuya kwenzeka.” Akazange atsho ukuba nini na. Wathi kuya kuba njalo! Haleluya!

110 Uyayibona laa toliki yobuxoki yeLizwi phaya? Ngoku uthi, “Ke, makhe ndikubone usenza *le* ndoda, ibe kwisitulo esinamavili ixesha elide. Makhe ndibone. Ithi inokholo.” Laa mtyholi! Yabona ukuba ungubani na?

111 UYesu akazange wathi baya kutsibela phezulu baze bafike kuyo kanye ngoko. Uninzi lwabantu bamaPentekoste bacinge kwa lonto inye, kodwa iBhayibhile ayizange yathetha oko. Wathi, “Ukuba babeyikholelwa, babeya kuphila.” Kwaye Yena unamangqina Akhe apha ukuba ayiqondakalise.

112 UNowa wathi, “Emveni kwekhulu elinamashumi amabini eminyaka, ngoko yana.” Kodwa, yona yana. UNowa wayesazi ukuba waye yakuyibona kwisizukulwana sakhe, ngokuba wawakha umkhombe, waye kulungele ukungena ngaphakathi.

113 Ngoku, ngoku sifumanisa ukuba oko yayiyinyani. Ngoku lowo nguNowa, ingqina lokuqala.

¹¹⁴ Ngoku, ingqina lesibini, siya kulibiza. Makhe sibizeni u-Abraham. Wathi, “Ndandingumprofeti, kwaye ndaprofeta phantsi kwempembelelo kaThixo. Kwaye Wandixelela ukuba inkosikazi yam, ekubeni inamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, kwaye mna ndinamashumi asixhenxe anesihlanu, ebudaleni, ngelo xesha, ukuba ndandiya kuba nosana ngoSarah. Nangoko, ngokuqinisekileyo, yena waye. . . Ndandiludlolo; waye lulo, isizalo sakhe sasifile. Waye neminyaka engamashumi amabini, okanye ngaphezulu, edlulile ukuya exesheni. Ndandiye ndaphila naye yonke le minyaka, kwaye kwakungekho mqondiso wabantwana. Yena waye lulo, isizalo sakhe sasifile. Kwaye, kodwa uThixo wandixelela ukuba ndandiya kuba nosana ngaye.

¹¹⁵ “Kwaye uyazi, uMnu. Ngakholwayo, uMnu. Mthandabuzi, noMnu. Ngenamonde, emveni kweentsuku zokuqala ezingamashumi amabini anesibhozo, xana kwakungekho nto yenzekayo kuSarah, bandihleka baza bahlekisa ngam. Kunyaka wokuqala, beza kum kwaye bathi, ‘Ingaba bangaphi abantwana onabo ngoku?’”

¹¹⁶ Kodwa, emveni kweminyaka engamashumi amabini anesihlanu, usana lweza embonisweni. Lonto yenzeka. UThixo akazange athi, “Uya kuba nosana kwiveki elandelayo, ngoSarah.” Akazange amisele naliphi na ixesha. Wathi uya kuba nosana ngoSarah. Akazange atsho ukuba nini na. Yena wathi nje uya kuba nalo.

¹¹⁷ Ke u-Abraham wathi, “Kwaye andizange ndilithandabuze idinga, ngokungakholwa. Kodwa njengokuba lalizilazila, ndandisomelela ngakumbi ngalo lonke ixesha. Kwaye ndibona ndisiya ndisiya buhathaka ngokwasemzimbeni, ntoleyo eyayisisithintelo sokuza kosana, endaweni yokuba ndibe buhathaka ngakumbi elukholweni, ndomelela ngakumbi elukholweni, kuba ndandisazi ukuba uThixo waye nako ukuligcina iLizwi Lakhe.

¹¹⁸ “Ke ngenye imini ndandihleli, ndithetha kunye noSarah, yaza iNgelosi yeNkosi yeza. Amadoda amathathu, amabini awo aya eSodom; Enye yema ngakum yaza yathetha nam, yaza yandixelela izinto ezaziya kwenzeka. Kwaye ndandaluphele kwaye ndigobile emagxeni am, kwaye uSarah waye engakwazi nokuhambahamba ajikeleze. Kwaye, uyazi, kwa ngosuku olulandelayo, ndaqalisa ukubona elaa qhuma liphuma emqolweni wam. Kwaye iinwele zam zaqalisa ukuba mnyama, kwaye izidlele zikaSarah zababomvu.”

¹¹⁹ Ngoku uthi, “Ngokungenabunono, Mzalwana uBranham!” Nje umzuzu, ubone ukuba wakwenza na. Qaphela, bajika babuyela ekubeni ngumfana nomfazi oselula. Ngoku uthi, “Owu, Mzalwana uBranham!” Ngoku, uThixo ufihla uMyalezo Wakhe

phakathi kwemigca. Isikolo sabefundisi asinakuze siWazi. Kunjalo oko. Hayi, hayi. Libali lothando.

¹²⁰ Inkosikazi yam ngaphaya, indibhalela incwadi. Kwaye ithetha into enye phezu kwencwadi, kodwa ndinokufunda phakathi kwemigca. Ndiyayazi lonto ithetha ngayo, kuba ndiya yithanda, ndiyayazi nje imvelo yayo. Ndiyayazi lonto iyithethayo. “Ndihleli apha ngobu busuku, Billy. Abantwana basemandlalweni. Ndinga ngawe.” Owu, ndi—ndiyazi ukuba ithetha ukuthini na, yabona, yabona, kuba ndiya yithanda.

¹²¹ Kwaye ukuba useluthandweni kunye noThixo, kwaye uMoya kaThixo ungaphakathi kuwe, uMoya oyiNgcwele ngoKwakhe uyitoliki yeli Lizwi.

¹²² Qaphela, babesele baluphele kakhulu eminyakeni ngoku, iBhayibhile yatsho njalo. Ngokukhawuleza ngoku, sifikelela esiphelweni. Ngoko wathi, “Ndajika ndabuyela ebufaneni. Wajika wabuyela waba ngumfazi oselula.”

Uthi, “Owu, Mzalwana uBranham!”

¹²³ Phulaphula, ukuze afumane olwaa sana... Isizalo sakhe sasifile; indlela yakhe yobomi yayifile. Ngoku ukuze afumane... Bekuya kufuneka ukuba Amenzele esinye isizalo. Bekuya kunyanzeleka ukuba Ayenze? Kwaye ngoko babengenazo ezi bhotile bazifaka emlonyeni wosana, ukuze umama abe nokubaleka ajikeleze kuyo yonke indawo. Ngaloo mihla, kwakufuneka ukuba kube ngumama oncancisayo. Ke ukuze enze oko, imithambo yobisi yayomile, ke Ubeya kunyanzeleka ukuba enze imithambo yobisi emitsha, na njalo njalo, ukuze ondle usana. Kwaye enye into, umfazi oneminyaka elikhulu ubudala, esiya kungena ekuzaleni? Kwakuya kufuneka ukuba Amenzele intliziyo entsha. Yabona? Ke Yena nje Ubengekhe ayibeke iziziba. Wabonisa, kuye, into Aya kuyenza kuyo yonke iMbewu ka-Abraham, baya kujika babuye babe batsha, sifumane umzimba omtsha ukuze samkele uNyana ozayo lowo esimkhangeleyo. Ndisalikholelwa idinga.

Uthi, “Oguqula ngokupheleleyo!”

¹²⁴ Kulungile, nje umzuzu. Khangela, bathabatha uhambo, amakhulu amathathu eemayile ukusuka apho babekhona, ezantsi elizweni lamaFilisti, ukuya eGerari. Kwaye ezantsi phaya kwakukho umfana ogama lingu-Abhimeleki, waye ngukumkani, kwaye waye khangela isthandwa, nazo zonke ezo ntombi zintle zamaFilisti. Naku kusiza umakhulu omncinci, uSarah, ngoku, embhethe ityali yakhe, kunye no-Abraham. Kwaye u-Abraham wathi, “Sthandwa, ndifuna ukuba undenzele inceba.” Wathi, “Umhle kakhulu ngenkangeleko, xana laa kumkani ikubona, iya kukuthabatha ube yinkosikazi.” Kwaye xana abantu bambonayo, waye mhle kakhulu! Umakhulu? Waye mhle kakhulu, de, u-Abhimeleki wamthabatha ukuba abe yinkosikazi.

125 Kwaye ngoko Wabonakala ku-Abhimeleki ephupheni, kwaye wathi, “Umyeni wakhe ungumprofeti waM. Umchukumise, uyafana nje nendoda efileyo.” Kunjalo oko?

126 Ube bonisa phaya loo nto Aya kuyenza kubo bonke abantwana baka-Abraham. Wathi, “Akazange atsho ukuba Uya kuyenza nini na, kodwa Wathi Uya kuyenza lonto.” Oko kulungile, sihlobo, nje kuyeke kuqhubele phambili. Uya kuyenza lonto nakanjani na. Wayithembisa. Ngoku, kodwa kumashumi amabini anesihlanu eminyaka kamva, uSarah waba nosana, ukusukela kwixesha ledinga. ILizwi alizange latsho ukuba uyakuba nalo nini na, kodwa lathi uyakuba nalo.

127 Masikhawulezeni ngala mangqina ngoku. Ingqina lesithathu, uMoses. Wathi uThixo wamnika umqondiso ukuba awenze, ukuqondakalalisa ukuba elo yayiliLizwi leso sigaba. Wathabatha iLizwi, kunye nomqondiso kunye neZwi, waza wehla waya phambi koMalusi uFaro. Kwaye uMalusi uFaro wathi, “Huh, lowo ngumlingo nje ongena xabiso. Ndinamadoda apha anokwenza kwaloo nto inye.” Kwaye ayenza lonto. Abalinganisi! Wathi, “Ukuba bendingenguye umprofeti kwaye ndisazi ukuba elo yayiliLizwi lesithembiso, ngendandithe akukho nto kulonto,’ kuba aba balinganisi phandle apha benza kwaloo nto inye endiyenzayo.” Kodwa wayesazi ukuba ivela kuThixo, ke wabamba ngokungagungqiyo.

128 UThixo wathi uya kubakhulula abantu kwaye baya kufika entabeni. Wayelindele ukuba mhlawumbi babeya kubuya ngaloo mini. Kodwa, kwakuseminyakeni kamva, kodwa babuya. Bafika entabeni. UThixo walizalisekisa iLizwi Lakhe. Wabathabathela kwilizwe ledinga, njengoko Watshoyo. Wayelikholelwe iLizwi likaThixo.

129 Ngoku kanye ngokukhawuleza ndiya kufumana elinye ingqina, ingqina lesine, nguYoshuwa. Wathi, “Xana uThixo wasinika idinga, kwaye saya ngaphaya kwi. . .” Lona limalunga neemayile ezingamashumi amane anento ethile. “Kwaye xana safika eKadeshe bhaneya, uMoses wathumela amangqina ukuze afumanise ukuba sasingalithabatha na okanye hayi. Kwaye, owu, ama-Amaleki, nezo ngxilimbela zinkulu, neendonga eziphakamileyo,” bathi, “sasingenako ukulithabatha, konke konke, kwabonakala ngokungathi.”

130 Kodwa umntu othile wawelela ngaphesheya waza wabuya nobungqina bokuba ilizwe lalilungile. Ke wathi, “Zonke ezinye izizwe, zathi, ‘Owu, asinako ukulithabatha.’” Wathi, “Ndema ndaza ndabathulisa abantu, ndaza ndabazisa ukuba yayingebubo ubukhulu baloo nto phandle phaya; yayisisithembiso sikaThixo, kwaye uThixo wayeya kusenza.” Wathi, “Emveni kokuba ndibathulisile abantu, Akazange asiwelise, kusuku olulandelayo, kwiveki elandelayo. Kwiminyaka engamashumi amane kamva, Wasiwelisa. Kodwa

Akazange atsho ukuba Wayeya kusiwelisa nini na; Wathi Uya kusiwelisa, ke sawela.”

¹³¹ Ndingathanda ukuba no-Isaya eze nje okomzuzwana. Khangelela u-Isaya. Wathi, “Ndandingumprofeti ongqinelweyo phakathi kwabantu. Wonke umntu wayendikholelwa. Ukususela kuKumkani u-Uziya, konke ukwehla, babendikholelwa. Ndandingumprofeti ongqinelweyo. Oko ndakuthethayo, uThixo wakwenza ukuba kwenzeke. Yena—Yena wenza amazwi am, lawo endawathethayo, ukuba enzeke, ngokuba ndawathetha eGameni Lakhe, uYehova.” Wathi, “Ngenye imini, uYehova wathetha kum waza wathi, ‘Ndiya kubanika umqondiso, intombi enyulu iya kumitha.’ Kwaye ndenza njalo, ndayithetha nje lonto njengoko uYehova wayithethayo.”

¹³² Wathi, “Kwaye ndifuna ukuba nikwazi oko, le nkundla, ukuba zonke iintombi zamaHebhere zafumana ibhutsana zentsana kunye nayo yonke into zilungele ukuba nolu sana. Intombi enyulu yayiya kumitha. Kwaye kwaqhubeka, iinyanga, ayizange yenzeke. Iiveki, ayizange yenzeke. Malunga namakhulu asibhozo eminyaka kamva, yenzeka, kodwa intombi enyulu yamitha yaza yazala umntwana.” UYehova akazange amxelele ukuba lonto iya kwenzeka ngomso, intombi enyulu ethile kwisigaba sakho. Wathi nje, “Intombi enyulu iya kumitha,” kwaye oko kuya yigqiba lonto. Akazange atsho ukuba nini na. Wathi nje iya kumitha.

¹³³ Ngoku, ukuba iyayikholisa inkundla, ndingaba lingqina Lakhe elilandelayo? Ndingathanda ukuMngqinela, ingqina elilandelayo. Idinga leLizwi lalo mhla, yiloo nto endiyingqinelayo.

¹³⁴ Ekuzalweni, njengenkwenkwe encinci eKentucky, niya yibona lonto kumakhadi omthandazo nayo yonke into, okwaa kuKhanya kwakumi phaya. Ndaxelela umama wam notata wam, konke ukwehla kwisigaba. Ndiyathemba ukuba oku akuvakali ngokobuqu, kodwa nje ndimi ndilingqina phambi Kwakhe. Lo nguYe ekwimo yeLizwi. Andizange ndazi ukuba yayithetha ntoni na; akukho mntu wayesazi. Emva phaya kwezo ntaba, kwencinci endala . . . Eyayingenayo ifestile yeglasi njengokuba nina nonke ninazo ngoku; ubunocango oludala oluncinci olutyhalayo ukuba luvuleke ukwenzela ifestile. Kwaye ngaloo ntsasa, ukuKhanya kwangena ngaphakathi.

¹³⁵ Ndandiya kubaxelela abantu, ndixelele umama. Izinto endandiya kuzixela, zazihlala zisenzeka ngaloo ndlela. Babengayikholelwa. Babesithi, “Ayinjalo.” Kodwa malunga namashumi amathathu eminyaka kamva, uThixo wayiqondakalisa ngobungqina benzululwazi, ukuba yayinjalo. Yayinjalo, kuba isisithembiso.

¹³⁶ Emthini, eminyakeni esixhenxe ubudala, apho iZwi lathetha kum laze lathi, “Ungaze utshaye, uhlafune, okanye usele, okanye

ungcolise umzimba wakho.”

¹³⁷ Kwaye mna ndikwikhaya labathengisa utywala, andizange ndiyazi nokuba iBhayibhile yayiyintoni na, ngaphandle nje kwelizwi. Sisenokuba sakwazi ukufumana incwadi yexesha, kodwa hayi iBhayibhile endlwini yethu. Kungekho nto ngaphandle kwegquba le... Andithethi ngokuchasene nabantu bakowethu, kodwa uThixo wazi konke malunga nalonto. Kwakungekho ndlela konke konke, abantu bakowethu phambi kwam, emva ngasemva koko babe ngamaKatolika. Bonke babetshate kude necawe kwaye bemkile bekude, kwaye kwakungekho nkolo konke konke. Asizange nkqu sibe nayo nayiphi na ingqalelo kuyo.

¹³⁸ Kodwa Wa—Wandixelela loo nto eyayiya kwenzeka, ukuba ndandingamele ukuba nditshaye, okanye ndisele, okanye ndingcolise umzimba wam nangayiphi na indlela, bekuya kubakho umsebenzi wam ekumele ndiwenze ndakuba mdala. Ke, kwakuyiminyaka neminyaka emva koko. Ndandisazi njani ukuba ndiya kuba ngumlungiseleli? Ndandiyithiyile kwa ingcinga yomshumayeli. Kodwa kwenzekile, nakanjani na. Lonto ibonisa ukuba Uya ligcina iLizwi Lakhe. Eminyakeni elishumi elinesixhenxe emveni kokuba Wabonakala kum phaya etyholweni...

¹³⁹ Sifumanisa, kusuku olulandelayo emveni koko, Wandibonisa ibhulorho iwela umlambo, iwuwela, wabonisa amadoda alishumi elinesithandathu esiwa ukusuka kuyo. Ndaxelela umama. Ndihleli nxamnye nomthi, ndandiyijongile. Wathi, “Uye walala, sthandwa.”

Ndathi, “Hayi, andizange, mama. Bendiikhangele.”

¹⁴⁰ Kanye kwiminyaka elishumi elinesixhenxe ukususela ngaloo mini, iBhulorho kaMasipala eJeffersonville yawelela ngaphaya eKentucky, kwaye isixhenxe... Aze amadoda alishumi elinesithandathu alahlekelwa bubomi bawo kuyo, kanye njengokuba watshoyo. Ah, ke ngokunjalo uMnu. Ngakholwayo uye wandilinga ngalo lonke ixesha!

¹⁴¹ Kwaye ndingatsalela ingqalelo kulo mtshutshisi uyimfama, malunga noYesu ekubeni elapha namanxeba esikhonkwane esandleni Sakhe. Akazange athethe into enjengaleyo. Wathi, xana Abuyayo evela eZulwini, ukuba, “Onke amadolo amelwe kukuba agobe, kwaye lonke iliso liya kuMbona, kwaye lonke ulwimi luya kuvuma.” Wathembisa kuphela ukuguqukela kumandla oMoya aze angqinele iLizwi Lakhe, likaMarko, noko Aya kukwenza. Yena nje aka... Abayifumani nje lonto.

¹⁴² Ngoku, phezu kwesiseko sale ngxoxo, ngale mva kwemini, kunye nathi esiphilayo... Ntoleyo, kuya kufuneka ukuba ndiyishiye ngaphandle, niya ndibona ndityhila la maphepha etekisi kunye nezinto, kuya kufuneka ndiyikhuphile, kodwa

ndicinga ukuba sisondele ngokwaneleyo ngoku ukuba sikufumane.

¹⁴³ Ngoku nangoko abayi kuyikholelwa lonto. UYesu wakuthembisa ukuba, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, kwaye nanjengoko kwakunjalo ngemihla kaLothe, kuya kuba njalo ngomhla wokugqibela.” Siyifumene. Ilapha. Sele ingqinelwe, nje zingaphi iZibhalo! Kwisigaba saseSodom, lonto eyenzekayo ku-Abraham, iya kubuyela kwakho kwiMbewu yasebukhosini ka-Abraham, ntoleyo ikuKristu; uKristu ebuya ekwimo yeLizwi, esebenza ebantwini, kwaye ebonisa imiqondiso leyo Awathembisa ukuba iyakubonakala, iyakwenza. Wathembisa ukuba Uya kuyenza. UThixo wayithembisa. Kwaye uThixo uya kusigcina isithembiso Sakhe.

¹⁴⁴ Kwaye ngoku, kwiminyaka embalwa eyadlulayo, ndanixelela ukuba Wathetha kum kwaye wathi, “Kuya kubakho izigaba ezintathu zolu lungiselelo. Kwaye esinye sazo siya kuba kukubamba abantu ngesandla, kwaye ndiya kwazi ukuba yayiyintoni na inkathazo yabo.” Bangaphi abakukhumbulayo oko? Ngokuqinisekileyo. Andizange ndanixelela na, “Ukuba ndinganyaniseka,” ukuba Wandixelela, “kuya kwenzeka ukuba bendiya kwazi nkqu nemfihlo eyayisentliziweni yabo”? Ingaba ndanixelela oko? Bangaphi abakukhumbulayo oko? Ingaba kwenzeka? Ayizange yenzeke ngosuku olulandelayo, kwakuyiminyaka kamva, kodwa yenzeke.

¹⁴⁵ Kwaye Wathetha ezantsi emlanjeni, Wathi, “Njengoko uYohane umBhaptizi wayethunyelwe ukuba avakalise ukuza kukaKristu, ekupheleni kolungiselelo lwakhe, uYesu weza. Kwaye njengokuba uYohane wayethunyiwe, ke ngokunjalo ulungiselelo lwakho luya kwandulela ukuBuya kweSibini kukaKristu.” Kwaye kubekho imvuselelo yehlabathi jikelele phakathi kwabantu bakaThixo, kwiHlabathi lonke jikelele, kwiminyaka elishumi elinesihlanu edlulileyo; eyona mvuselelo inde. Nawuphi na umbhali mbali uyazi ukuba akukho mvuselelo inyamezela ngaphezu kweminyaka emithathu. Kwaye oku yiminyaka elishumi elinesihlanu. Kwaye khangela ebandleni namhlanje, lipholile. Silindele ukuBuya Kwakhe. Uyazingqinela ngoKwakhe, ebonisa.

¹⁴⁶ Ngoku, zonke ezi zinto zenzekile. Wathembisa phaya, ukuba, “Uyakuyazi imfihlo yentliziyo.”

¹⁴⁷ Ngoku isigaba sesithathu siqalisa nje ukuzibonakalisa kulungiselelo ngoku. Andiyi kuthabatha ixesha lokuya kungena phaya, kuba ndicinga ukuba andifanelanga. Kodwa abaninzi benu apha bayazi malunga nalo, yabona, yaloo nto eyathi yenzeke.

¹⁴⁸ Ngoku, xana ndanixelelayo, xana ndezayo okokuqala kwiSixeko saseKansas ezantsi apha, nasezantsi e-Arkansas, ukuba ezi zinto ziya kwenzeka, kwaye nazi apho zikhoyo.

Singamangqina aphilayo wokuba ziye zenzeka. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]... UThixo wathi ziya kwenzeka. Akazange athi iya kwenzeka kanye ngoko. Wathi iya kwenzeka.

¹⁴⁹ UMarko 16 wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.” Ukuba andililo ikholwa, ngoko kutheni eli Lizwi liye langqinelwa liyiNyaniso?

¹⁵⁰ Ukuba aningawo amakholwa, ngoko kutheni uThixo eninike uMoya oyiNgcwele? Nisenokuba nazo zonke iintlobo zemiboniso, nisenokubaleka, nithethe ngeelwimi, kwaye nenze izinto njengabantu abo abanoMoya oyiNgcwele; kodwa ukuba leyo akuyonto yoqobo esentliziyweni yakho, ayinakuze izise elo Lizwi ebomini. Kodwa ukuba yinto yoqobo ephaya, “amazulu nomhlaba ziyakudlula, kodwa elaa Lizwi alinakuze lisilele.”

¹⁵¹ “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo; ukuba bathe babeka izandla zabo kwaba gulayo, baya kuphila.” Kwaye ubona abanye bephila. Akazange athi baya kuphila kanye ngoko. Wathi, “Baya kuphila ukuba baya likholelwa.”

¹⁵² Bangaphi abo abevayo, leyo yiNyaniso? Bangaphi abasakholwayo ukuba iLizwi likaThixo linyanisile? Litolikwe nje ngendlela engeyiyo ebantwini. Ingaba anikukholelwa oko? Litolikwe nje ngendlela engeyiyo.

¹⁵³ Ngoku, hayi emva ngemihla kaLuther, hayi emva ngemihla kaPawulos, hayi emva ngemihla kaNowa kunye nala amanye amangqina, hayi kwiminyaka elishumi elinesihlanu eyadlulayo xana ndanixelela ezi zinto ukuba ziya kwenzeka; kodwa namhlanje eTopeka, eKansas, ngalo mhla, ngale yure, ngalo mzuzu, masibizeleni iLizwi likaThixo kumanqam. Wathembisa ukuba oku kuya kwenzeka ngemihla yokugqibela.

¹⁵⁴ Ngoku ingaba niya kholwa ukuba Uya ligcina iLizwi Lakhe? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe, ukuze abe nguThixo. Kufuneka ayenze. Umelwe kukuba aligcine iLizwi Lakhe.

¹⁵⁵ Ngoku, ingaba Wathembisa, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla ye—yeSodom, kuya kuba yinto ekwanye ekufikeni koNyana womntu,” ukuba Uya ku—kutyhilwa ngemihla yokugqibela njengokuba Waye njalo ku—Abraham neMbewu yakhe eSodom? Ingaba Wakuthembisa oko? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] ULuka isahluko se-17, umqolo wama-30, ungasifunda. Ngoku, Wakuthembisa oko. Wathi lonto iya kwenzeka. UYesu wathi zonke iZibhalo zimelwe kukuba zizaliseke, konke Akuthembisileyo.

¹⁵⁶ Ingaba Wathembisa kuMalaki 4, oko Aya kukwenza ngale mihla yokugqibela? Kwaye ngoko nangoko emveni koku kuya kuza umlilo, kwaye utshise ongakholwayo, kwaye amalungisa aya kuhamba phezu kothuthu longakholwayo. Kunjalo oko. Ke, silapha kanye emnyango.

¹⁵⁷ Ngoku, nje ngaphambi kokuba unogumbe omkhulu afike, yintoni Awayithembisayo? Kanye nje ngaphambi kokuba aphume kuNowa—kuNowa... okanye uMoses esiza kukhupha abantwana bakaSirayeli, yintoni eyenzekayo? Kanye nje ngaphambi kokufika kukaYesu, yintoni eyenzekayo?

¹⁵⁸ UYohane, asikhangela simzise ukuba angqine. Besinaye ezantsi apha, kodwa hayi ukuba angqine, indlela awathi wabizwa ngayo waba kude kuyo yonke imfundiso yezakwalizwi yaloo mhla, ukuba aye entlango, ngokuba wayeya kwazisa, kwafuneka ukuba amazise uMesiya.

¹⁵⁹ Ke, ukuba sasithe sehla ukuya esikolweni, kutata wakhe. Wathi, “Ngoku, ndingumhlobo omkhulu katata wakho. Owu, waye yindoda endala ebalulekileyo. Ndiyamthanda. Kwaye ndiyazi... Ngoku ingaba uMzalwana uJones akungu laa Mesiya? Ngoku uyazi, Yohane, unguye.”

¹⁶⁰ Yabona, wazahlula ngokwakhe. Ebudaleni beminyaka elithoba ubudala, waya entlango, ngokuba waye ngumthandi wentlango. UMoya ka-Eliya wawuphezu kwakhe. Kwaye uMoya ka-Eliya; wawungenguye u-Eliya, wayengumntu; yayinguMoya kaThixo ngeloo Lizwi ngaloo mhla. Kwaye waya entlango. Emva koko xana waphumayo, yena—yena kwafuneka ukuba amazise uKristu, hayi indoda elungileyo, kodwa, “Phezu kwaLowo uya kubona uMoya usihla.” Hayi indoda eyayingumfundisi ongcono, hayi indoda eyayingoyena mntu uxabisekileyo elizweni ngaloo mhla, kodwa, “Phezu kwaLowo uMoya oyiNgeweze ngoKwakhe umazisa njengeLizwi.” Kwa lona iLizwi ngokwaLo lazisa iLizwi.

¹⁶¹ Ngoku Wathembisa ukuba ngemihla yokugqibela. UYesu uya kwenza, abe kwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ingaba niyayikholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁶² Ngoku makhe sithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana. Yibani nokholo. Musani ukuthandabuza. Kholwani.

[Udade uthetha ngolunye ulwimi, waza emveni koko wanika ukutolika. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Bulela iNkosi.

¹⁶³ Kulungile. Ukwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Niyayikholelwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁶⁴ Ngoku yintoni Awathembisa ukuba eya kuMngqinela? Endodeni, inyama yomntu, njengokuba Wenzayo ku-Abraham, “Xana uNyana womntu...” Kuya kuba nguNyana womntu, hayi—hayi—hayi—hayi uNyana kaThixo ngoku; uNyana kaThixo ekuNyana womntu. KuHezekile, isahluko so-1, umqolo we-2, uYehova wabiza uHezekile ngokuba nguNyana womntu, kanye loo nto uYesu awazibiza ngayo ngoKwakhe. Niya kuqonda oko, ngemfundiso yayo yonke iveki. Ngoku, yabona, uyintoni na uNyana womntu? Isiprofeto. Waye yintoni na uMalaki 4? Ukuba abe ngumprofeti. Yayi zintoni ezi ezaziya kwenzeka ngemihla yokugqibela? Ngoku, Akazange atsho ukuba nini na.

Wathi ziya kwenzeka, kwaye zenzeka. Ngoku, wena, ukuba Yena usekwanguye uNyana kaThixo, uNyana womntu; olungele ukuba atyhilwe ngemihla yokugqibela kwitrone kaDavide, njengoNyana kaDavide. Yabona, khangela, ngoko ukuba Yena . . . Ukuba oko kunjalo, Wakuthembisa oko, Ubophelelekile kwelaa Lizwi. Ubophelelekile kwelaa Lizwi.

¹⁶⁵ Ngoku chukumisa umqukumbelo wengubo Yakhe ngokholo lwakho. Kwaye ndiwezile lamabango. Ukuba yekaThixo, iya kwenzeka; ukuba ayiyokaThixo, ayisayi kwenzeka. Kwaye oko kukuphela kwento eyinyani, bonani ukuba le yiyo na, siphakathi kwamakholwa okanye hayi. Ngoku kufuneka ukuba ube likholwa, njengokufanayo njengokuba nam ndilikholwa. Kufuneka ukholwe oku ukuba yiNyaniso. Ukuba uya yikhola, iya kwenzeka. Ngoku thandaza, nonke ngabanye benu, kholwani ngendlela eyiyeyenu.

¹⁶⁶ Masiqaliseni kwicala elinye, nje sigxile kwicala elinye. Kwaye nje, ndifuna eli cala lingapha nxamnye nodonga, ndaweni ithile, niyakholwa. Yibani nokholo. Musani ukuthandabuza. Nje kholwani, yithini, “Nkosi!”

¹⁶⁷ Musa ukujonga kum ngoku, yabona. Ungandijonga, kodwa, khangela, makhe ukholo lwakho lukhangele ngaphaya koko. Ungakhangele kum ngamehlo enyama, kodwa khangela kuYe ngamehlo akho okholo, ukuba Yena ulelaa Lizwi. Kwaye—kwaye Yena nje utshintshe isigqubuthelo Sakhe, yabona, ukusuka koko kungenakubonwa ukuya koko ngokupheleleyo kubhengeziweyo, iLizwi elenziwe inyama. Yiba nokholo.

¹⁶⁸ Ngoku musani ukujikeleza ngoku. Zolani ngenene, ngentlonipho. Ningajikeleza, emzuzwini; kodwa zolani ngenene, ngentlonelo.

¹⁶⁹ Ngoku, yi, yintoni na? Sisibabalo. Isibabalo asinakuthatyathwa, njengekrele, kwaye uhambe, ubethe kwaye uhlabe uze utsale. Oko akunjalo. Isibabalo kukuzikhupha nje wena endleleni, ukuze uMoya oyiNgcwele usebenze emzimbeni womntu. Musa ukuzama ukuthi, “Uzuko kuThixo, ndinesibabalo! Ndinesibabalo, haleluya!” Awunakuze usifumane. Ukuba uyayazi nje indlela yokuziyeka uhambe!

¹⁷⁰ Kufana nokutsala igiya. Yabona? Zitshintshe ungene kukholo, usuka ekungakholweni, nje uxhuzulele igiya kancinci emva phaya, yithi, “Ke, bendisoloko ndiluhlobo lokuthandabuza, kodwa eneneni, ngoku, ndiyakhola ngoku.” Ngoku khangela ukuba yintoni na eyenzekayo ngoko. Nje yenze kube kanye kwaye ubone lonto yenzekayo. Nje thandaza.

¹⁷¹ Kwaye ndizama ukuzisusa kumyalezo, nokungena kwisibabalo. Isibabalo, ku, ukuze iLizwi libe nokuZazisa ngaso—ngaso, njengokuba amaHebhere 4:12 esithi, “Liyacalula, lazi iingcinga ezisentliziyweni.”

¹⁷² Thandazela nantoni na engalunganga ngawe. Thandaza, kwaye nje uthi, “Thixo, ndi—ndiswele. Indoda ayindazi, kodwa ndiswele.”

¹⁷³ EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, ngenxa yozuko lukaThixo, nangokweLizwi likaThixo elo nje endisandula ukulishumayela, ndithabatha wonke umoya olapha phantsi kolawulo lwam.

¹⁷⁴ Ngoku, akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na... Kusenokubakho into ethile eyenzekayo nje ngomzuzu. Kukho umgxeki ohleli apha, kwaye ndiya cinga nje ukuba into ethile ilungiselela ukwenzeka. Yabona? Ke nje yibani nentlonelo ngenene. Ukuba nantoni na iya phazamisa, hlalani nje nizole. Nihlale ngokuzolileyo ngokwenene, myekeni loo mntu enze loo nto abaya kuyenza. Nikhangele loo nto yenzekayo. Bayekeni benze intshukumo, nize nibone ukuba yintoni eyenzekayo. Niya kubona ukuba Yena nguThixo okanye hayi. Nimelwe kukuba niMbone edabini. NiMbonile kwimpiliso; Mkhangeleni edabini. USathana uzama okungcono kwakhe ukwenza lonto. Kodwa nje—nje myekeni ayenze lonto kube kanye, nibone loo nto yenzekayo.

¹⁷⁵ Kukho omnye umntu ohleli ngapha lowo ubexhwalekile, ehleli kanye ezantsi apha, indoda kunye nenkosikazi yayo. Yona iyathandaza. Ithandazela yena. Yimeko yobuphakuphaku, imithambo luvo ebusweni. Uluhlobo lomfazi onesiqu. Umyeni wakhe unxibe ihempe emhlophe. Ubeke izandla zakhe phezu kwakhe. Oko yinyani. Phakamisa isandla sakho, ukuba leyo yinyani, ukuba oko yiloo nto uthandaza ngayo. Musa ukuba nexhala. Iya kuyeka. Sisithembiso, ukuba uya kukholwa. Uchukumise ingubo Yakhe.

¹⁷⁶ Kukho inenekazi elihleli kanye emva apha *kweli* cala, lihlutshwa yinkathazo yobufazi. Ndiyathemba lona...Owu Thixo! Nksk. Reed, uyazi ukuba andikwazi. Kodwa leyo yinyani, akunjalo? Ubuthandaza, “Nkosi, yiba nenceba kum.” Ibe nayo. Ikukushiya ngoku. Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke. Musa ukuthandabuza. Yiba nokholo.

¹⁷⁷ Nali, nali inenekazi lihleli kanye apha ekupheleni, lithwele umnqwazi omncinci okhangeleka umnyama. Liyathandaza malunga...Inkathazo yalo. Linenkathazo. Ingaba anikuboni na okwaa kuKhanya kujinga phezu kwalo phaya? Yabona? Litshonise intloko yalo phantsi. Linenkathazo ngamadolo alo. Liye lenzakalisa amadololo alo. Liye lawa laza lenzakalisa amadololo alo. Yabona? Andilazi; UThixo uyakwazi oko. Kodwa leyo yinyani, akuyiyo na, nenekazi?

¹⁷⁸ Apha, beka isandla sakho phezu kweloo nenekazi lilandelayo lihleli ngakuwe; yiza kanye ngqo kulo. Lixwalekiswa yinkathazo yokuphakuzela. Kwaye loo meko yobuphakuphaku linayo...Linenkathazo yeliso. Kwaye amehlo alo aye atyandwa,

ntoleyo iye yabangela lonto. Kunjalo oko, akunjalo? Phakamisa isandla sakho. Ukuba unokukholwa!

¹⁷⁹ Eli elinye inenekazi liphakamise isandla salo kanye phaya ngasecaleni kwalo, kuluhlobo lokuluchulumancisa. Kodwa isizathu, ukuba uya ku... Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba iyintoni inkathazo yakho? Ikumaqatha akho. Ukuba oko kunjalo, wangawangisa isandla sakho ngolo *hlobo*. Kulungile.

¹⁸⁰ Yintoni Awathi Uya kuyenza? “Ikwanguye izolo, namhlanje, nanganaphakade.” Ingaba Uya kukholwa oko?

¹⁸¹ Nantsi indoda ihleli phambi kwam. Ixhwalekiswa sisifo samathambo. Yona ngokwenene... Andazi nokuba iya kuyifumana okanye hayi. Yona iluhlobo lwendoda emalunga nobudala bam. Ixhwalekiswa sisifo samathambo. Akuyiyo eyalapha. Isuka kwiSixeko saseKansas. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo uya kukuphilisa? Ingaba uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ungubani igama lakho? Mnu. Francis. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke. Ubezama ukukuphanga ukusuka kuyo, mhlekazi. Kwaye yena—yena... Ubucinga ukuba ndithetha ngenye indoda, kodwa bekunguwe. Kwaye xana bendikuthetha oko, imvakalelo engaqhelekanga ngenene iye yeza phezu kwakho, emnandi ngenene kwaye eshushu. Ukuba oko kunjalo, wangawangisa isandla sakho ngolu *hlobo*.

¹⁸² Kananjalo, inkosikazi yakho ihleli phaya, inguNksk. Francis. Ixhwalekiswa kananjalo sisifo samathambo. Kwaye inenkathazo ngamehlo ayo, kunye nenkathazo ngeendlebe zayo. Ingaba oko kunjalo? Kunjalo oko.

¹⁸³ Inenekazi elihleli ecaleni kwayo, kanye ecaleni kwayo phaya, lihlutshwa yimithambo enegazi. Kunjalo. Linento ethile engalunganga ngaphakathi, eluhlobo oluthile... Yinkathazo yesinyi. Linenkathazo yesinyi. Kananjalo livela kwiSixeko saseKansas. Nksk. Gregg. Kunjalo oko.

¹⁸⁴ Ukuba ndingongaziwayo ngokupheleleyo kuni bantu, phakamisani izandla zenu ngolo *hlobo*, ukuze, ndithetha ukuthi, kwaba bantu apha abo abaye babizwa, phakamisani izandla zenu, nina bantu abo nje abasandula ukubizwa ngoko, ukuba ndingongaziwayo.

¹⁸⁵ Ingaba yintoni leyo? Kwaloo Thixo mnye Wehlayo ekwinyama yomntu, waza wadla inyama wasela ubisi. Kwaye uYesu wathi... Kwaye u-Abraham wathi, gxebe, ukuba Waye ngu “Elohim,” uThixo ebonakalaliswe esenyameni. UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngaloo mhla, ukuba uYehova, uNyana womntu kwakho, kwimo yesiprofeto, njengokuba Waye njalo, uya kubuya kwakho ngemihla yokugqibela,” kanye nje ngaphambi kokuba imizimba yenu iguqulwe. Thina, besingenako... Yabona, uSarah ebengenako ukwamkela olwaa

sana kula mzimba, ingaba waye nako? U-Abraham waye ngenako, emzimbeni wakhe. Umzimba wakhe kwafuneka ukuba uguqulwe. Ke ngokunjalo neyethu, ukuze samkele uNyana. Thabathani iLizwi, kwaye Yena unguNyana. LiLizwi. Ingaba niya likholelwa?

Ngoku qubudani iintloko zenu nje okomzuzwana.

¹⁸⁶ Ngokucokisekileyo, ngentliziyo yenu yonke, ingaba uThixo wenziwa msulwa ngokwenza ezi zithembiso? Ingaba niyakholwa ukuba iLizwi Lakhe liyiNyaniso? Ingaba niyakholwa na ukuba loo mangqina kuphela ngawobuxoki, ukuba akazange abenalo ukholo lokuzikhholwa kwasekuqalekeni? Niyi komiti egwebayo kwaye ungumgwebi. Yonke ikomiti egwebayo kufuneka ukuba izinzise ingqondo yayo, umgwebi kufuneka ukuba awise isigwebo. Ingaba uye wazinzisa ingqondo yakho ukuba iLizwi likaThixo, likaMarko 16, liyiNyaniso? Ukuba wenze njalo, phakamisa isandla sakho. Ndizise amangqina embonisweni, lawo eze ngendlela efanayo nale ngemihla yokugqibela, aza angqina ukuba iLizwi likaThixo lalinyanisile. Kwaye iLizwi likaThixo lithembisa oku ngemihla yokugqibela. Kwaye ndilapha, kwaye nani nilapha, phambi kwenu, ukuqondakalisa wonke amanye, nonke ngabanye. Ngamnye wenu angabizwa, nganye nganye, ngolo hlobo, ukuba niya yikholelwa lonto. Buza aba bantu, thetha kubo, apho uMoya oyiNgcwele athe wabiza.

¹⁸⁷ “Yintoni oyenzayo ngoku, Mzalwana uBranham?” Ndizama ukusuka kuYo. Yona nje iqhubeka ngokwenzeka kuyo yonke indawo esakhiweni; uya yibona nje idanyaza.

¹⁸⁸ Yabona, ngaloo nto, ndizama ukunenza ukuba niyikholelwe. Yibani nokholo kuThixo. Yikholweni. Wenziwe msulwa ngokubhala oku. Ukuqinisekisile, kwaye waqondakalisa ukuba yiNyaniso. Wayiprofeta, kumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo, waza wayiqondakalisa namhlanje. Wayithetha lonto, kumawaka amabini eminyaka eyadlulayo, waza wayiqondakalisa namhlanje. ILizwi Lakhe liyiNyaniso. Kwaye lonke iLizwi likaThixo liphembelelekile, kwaye lonke LiyiNyaniso. Kwaye uMarko 16 wathi, “Baya kubeka izandla zabo kwabagulayo kwaye baya kuphila.”

¹⁸⁹ Komiti egwebayo, sithini na isigwebo senu kule nkundla ngale mva kwemini? Ingaba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? Phakamisani isandla senu. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba noyisekile ngokuzeleyo ukuba uMarko 16 uyiNyaniso, iLizwi likaYesu Kristu, “Ukuba bathe babeka izandla zabo kwabagulayo, baya kuphila”? Phakamisani izandla zenu. [“Amen.”]

¹⁹⁰ Ngoko, Sathana, kunyanzelekile ukuba uhambe. Mnu. Ngakholwayo, awusenamsebenzi phakathi kwethu kwakho. UMnu. Mthandabuzi, okanye uMnu. Ngenamonde, andikhathali nokuba sithabatha ixesha elingakanani na, izakwenzeka.

¹⁹¹ Ingaba nindibiza ngokuba ndilikholwa? Phakamisa isandla sakho ukuba wenza njalo. Ndilikholwa. Ndiya kunithandazela, ndibeke izandla kuni. Ingaba niyakholwa ukuba abelusi benu apha bangamakholwa? Phakamisani izandla zenu. Bangaphi abalungiseleli abakholwayo abaphandle phaya? Phakamisani izandla zenu.

¹⁹² Ndizakucela abalungiseleli abakholwayo ukuba beze apha nje umzuzu. Ingaba oko kulungile, malusi? Kugqibelele. Ndifuna wonke umlungiseleli okwesi sakhiwo, lowo ukholwayo, yizani apha kwaye nime nam nje okomzuzwana. Ndifuna amakholwa oqobo ngoku. Khumbula, asifuni makholwa okuzenzisa. Sifuna amakholwa oqobo. Yizani apha kwaye nime eqongeni. Siya kubona into ethile isenzeka ngoku. “Ndiyakholwa ukuba undixelele iNyaniso.”

¹⁹³ Ngoku khumbula, ngokuzola ngenene nje umzuzu, njengokuba aba balungiseleli besiza, ndifuna ukuthetha into ethile kuni. Ngoku yintoni, yintoni eya kwenzeka? Isenzo sakho, ukusuka kwisenzo sakho. . . Umntu othile utyibilikile. Ingaba kunjalo. Isenzo sakho, ukusukela ngoku ukuya phambili, siya kuba sisigwebo sakho. Bangaphi abakukholwayo oko, phakamisani isandla senu.

¹⁹⁴ Ngoku wonke umntu lowo one—lowo one—onekhadi lomthandazo, yimani ngapha kwicala langasekunene apha, gqithelani ngapha *kweli* cala. Nina, ngamnye wenu epasejini yenu, yimani ngaphandle kwicala langasekunene lepaseji yenu, ngakwicala langasekunene lepaseji yenu.

¹⁹⁵ Ngoku abo bakwesinye isiphelo ngaphaya, kuya kufuneka ukuba baphume *ngale* ndlela. Kulungile.

¹⁹⁶ Bonke aba *abakweli* cala, kunye namakhadi omthandazo, yimani *kule* paseji; ngolu hlobo, ngakwicala langasekunene. Elo kuya kuba licala langasekhohlo. Ndiyaxolisa. *Eli* cala lingapha liya kuba licala lenu langasekunene. Elo likwicala lenu langasekhohlo. Ngoku yizani nijikele ngolo hlobo, bumbani umgca wenu.

¹⁹⁷ Ngoku nonke nina balungiseleli yizani apha kwaye nenze umgca ophindwe kabini, kanye ukunqumleza le ndlela, imigca emibini kanye ukunyuka ngale ndlela; kanye ukujikela *apha* nokujikela *apha*, ngamnye wenu.

¹⁹⁸ Ngoku bangaphi abenu abakholwayo? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ngoku kwakho ndifuna ukubonisa uThixo ukuba ndiyakholwa ngokupheleleyo ukuba uMarko 16 uyiNyaniso,” phakamisa isandla sakho. “Mna ngoku ndiyamamnkela.”

¹⁹⁹ Bangaphi phandle phaya abangayi kuba kumgca wokuthandazela, abaya kube bethandazela aba abo bakumgca wokuthandazela, kwaye iqela lonke lethu kunye liya kube lithandaza njengamakholwa? Phakamisa isandla sakho.

Ngoku masithandazeni.

²⁰⁰ Nkosi Yesu, Wena unguThixo. Wena ungomkhulu “UNDINGUYE,” hayi u “Ndandinguye,” okanye “Ndiya kuba nguye.” Ungu “NDINGUYE,” ixesha langoku. Akukho mandla lawo anokuma endleleni Yakho. UnguThixo, kwaye akakho onjengaWe. Wenza aMazwi Akho ukuba aqinisekiswa. Uye wayiqondakalisa lonto kuthi, ngamangqina ngale mva kwemini kweli tyala; le komiti egwebayo, nale nkundla kananjalo, kunye nabagwebi abo abaya kubakho.

²⁰¹ Siye sanika ityala, ngokufanelekileyo. Siye sathabatha oko utshaba lukuthethileyo. Sithabathe oko umtshutshisi akuthethileyo. Siye sathabatha oko amangqina akhe akuthethileyo. Sakubuyisa kwakho kunye nobungqina beNgqina eliKhuselayo, kwaye Liye laqondakalisa ukuba uThixo wenziwe msulwa ekwenzeni ezingxelo, ngokuba Uyazizisa ekubeni zenzeke, kwikholwa, ngamangqina amaninzi ngakumbi konokuba ongakholwayo enokuvelisa amangqina. Ngoku siyazi ukuba oko yinyani. Iile kuphela ukuba abantu beYigwebile ukuba ilungile, iLizwi likaThixo ukuba liyiNyaniso.

²⁰² Siphe, Nkosi, ukuba wonke umntu odlula kulo mgca apha...Bawo, la madoda emi apha. Emveni kokuba ndimkile, umntu othile usenokuthi uMzalwana uBranham undibeke izandla, kodwa ndifuna abantu bazi ukuba aba belusi banelungelo nje lokubeka izandla phezu kwabagulayo njengokuba nabani na esenza. Akunyanzelekanga ukuba balinde de kufike othile umvangeli wexesha elikhethekileyo, kodwa ongowabo umalusi unelungelo lokubabeka izandla. Thixo, siphe oko, wonke umntu lowo udlulayo kulo mgca wezandla apha namhlanje; abo babiziweyo baza bamiselwa nguThixo, ukuba babeke izandla kwabagulayo.

²⁰³ Siyazi ukuba asinazandla zingcwele, kodwa asijongi kuthi. Sikhangela kwidini lethu, uYesu Kristu, okwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade, Owophayo phambi kweTrone kaThixo ngoku, ukuze asihlambulule, ukuze siphumeze umyalelo Wakhe. Siphe, Nkosi, ukuba yonke indoda, umfazi, inkwenkwe, okanye intombazana, abo badlulayo apha, baya kusuka bemke kweli qonga, bevuya, kanye njengokufanayo nokuba babe sesiqlhelweni kwaye bephilile kunye nokuzinza. Siphe oko. Sanga isigwebo sekomiti egwebayo, eso ebanga ukuba yayisiso, Wenziwa msulwa, kwaye kwanga ngoku isigwebo eso abasiwisayo siya kuba sisenzo sabo emveni koku. Sincede, Thixo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

²⁰⁴ UMzalwana uRoy Borders okanye othile oculisayo, ukuba unokuza apha nje okomzuzwana kwaye ukhokele. Ngoku ngamehlo enu evaliwe.

205 Ngoku nje welani kanye emgceni, njengokuba umgca wenu usiza. Yizani kanye apha. Sithandazile, ngamnye wala madoda. Kutheni ndiwabeke phezu apha, yayi koku. Ngoku nina ngapha kuya kufuneka ukuba nihle *ngale* ndlela kwaye niwele kanye emgceni kunye naba, kunye naba apha, njengokuba bephuma, yabona. Kulungile. Ngoku lindani nje de bona... Lindani de bahambe. Lindani de *lo* mgca uphume; emva koko wena, nenekazi. Kanye apha, dade, linda kanye apho. Yabona, linda kanye apho, yabona. Abancedisi, abanye benu bancediseni phaya, yabona. Yabona, nimelwe kukuba nivumele *le* migca iphume, *le* migca iphume, kwaye *lo* mgca uyilandele, yabona, ukuphumela.

206 Ngoku ukuba uza apha nje ucingela, nje uqikelela, phuma emgceni; kusenokukwenza ube mandundu ngakumbi. Kodwa ukuba udlula apha, ukholwa, akukho nto iya kuyithabatha lonto iyikhuphe kuwe. Bangaphi abakwaziyo oko ukusuka koku, eli lixesha lokuzinza? Nina basemgceni, yithini, “Oku kuko. Ndiya kukholelwa. Akusekho kukhalaza malunga nako. Kuphelile, kanye ngoku. Ndamkele iLizwi likaThixo.” Ukuba awunjalo, musa ukungena emgceni, ngoku. Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke, kwaye yizani.

207 UThixo uye wazingqinela ngoKwakhe ngeLizwi, kunye nengqina netyala, elikhoyo kanye ngoku, “ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Akukho nto iseleyo ngaphandle kokubeka izandla kwabagulayo, kwaye baya kuphila. Naba abelusi benu. Niyazi ukuba bangamakholwa. Bangabelusi benu.

208 Kwaye andifuni ukuba nibe noluvo lokuba mna, u-Oral Roberts, okanye umntu othile ongomnye, kukuphela komntu omiselweyo ukuba enze oku. Wonke umlungiseleli umiselwe ukuba akwenze. Lonke ikholwa, nokuba lingumlungiseleli na, okanye hayi, limiselwe ukuba likwenze. Wonke umntu lowo ukholwayo, unelungelo lokubeka izandla kwabagulayo, kwaye baya kuphila.

209 Anditsho ukuba umalusi wakho okanye nabani na uya kuthabatha isibabalo sokucalula. Abanyanzelekanga ukuba benze oko; olo akululo ubizo lwabo. Olo akululo ubizo lwabo, ukwenza oko. Oko kumele ukuba abemnye kwisigaba.

210 Kodwa—kodwa sifumanisa, ukuba ubiziwe, njengekholwa. “Le miqondiso iya kulandelana *nabo*,” lonto ayalathi nawuphi na umntu, “abo bakholwayo.” Yikholweni ngentliziyo yenu yonke ngoku.

211 Mzalwana uRoy, khokela ingoma, *uKholwa Kuphela*. Wonke umntu emthandazweni. Balungiseleli, njengokuba bedlula, bekani izandla kubo. Kwaye bandla nezihlobo, xana nidlulayo apha, musani ukuba nayo nenye intandabuzo engqondweni yenu; nje dlulani kanye emgceni, niphumele apha, nithi, “Igqityiwe.”

²¹² Ngoku khumbulani, niye naba yikomiti egwebayo kweli tyala. Niye naphakamisa isandla senu ukuba beni nesigwebo senu. Wonke umntu uyaqonda, yithini “amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nibe naso isigwebo senu. Ngoku loo nto uyenzayo emveni koku iya kungqina ukuba ubuxele inyaniso na okanye hayi. Esakho—esakho isigwebo siya kuwisa ngalonto uyenzayo emveni koku. Oko kuya kuba njalo. Uya kuba ngumgwebi kunye nekomiti egwebayo. Ukuba uyakholwa ngokwenene, kumelwe kukuba kwenzeke. Ukuba uyazenzisa ekukholweni, akuyi kwenzeke.

²¹³ Kuba, kuqondakaliswe ngeLizwi, ngoBukho bukaThixo, ngayo yonke into leyo ikhoyo. Ingaba kukho nantoni na eseleyo ekufuneka ukuba yenziwe? Ukuba Ubeya kuza kanye apha, ngale mva kwemini, ingaba Anganiphilisa? Hayi, hayi. Sele ekwenzile. Yabona? Yena konke... Akusekho nto iseleyo imelwe kukuba yenziwe ngoku. Uye waziqinisekisa ngoKwakhe apha, ngeLizwi, waqondakalisa yonke into. Ekuphela kwento ekufuneka uyenzile. . . Uye wenza isigqibo sakho, ulivile ityala, uwiwile isigwebo, ngoku yiza kwaye ubonise ukugweba kwakho. Amen. UThixo akusikelele.

²¹⁴ Kulungile. [UMzalwana uBorders uqalisa ukukhokela ibandla ekuculeni *uKholwa Kuphela*—Mhl.]

²¹⁵ Yibani nithandaza ngoku, bazalwana. Kwaye makhe ngamnye wabancedisi makhe bavumele abantu ukuba badlule. Yimani nisondele kancinci ngakumbi ngoku. Yonke indoda ichukumise laa mntwana, chukumisani wonke umntu. Wonke umntu makachukumise abo bantu, ngokholo ngoku. Valani amehlo enu. [UMzalwana uBranham uthandazela abo bakumgca wokuthandazela. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Kholwa kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela;
Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela.

²¹⁶ Ngoku ningayicula ngale ndlela, “Ngoku ndiya kholwa, kanye ngoku ndiya yikholwa lonto”? Unaso? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiya yikholwa ngokwenene.” “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo!”

Zonke izinto zinokwenzeka, ngoku
ndiyakholwa;
Owu, ngoku ndiyakholwa, ngoku
ndiyakholwa,
Zonke izinto zinokwenzeka, ngoku
ndiyakholwa.

²¹⁷ Ngaxesha lithile eladlulayo, malunga neshumi elinesihlanu leminyaka eyadlulayo, ndikhumbula ngobunye ubusuku ukuba ndabizwa esibhedlele, kwinkwenkwe efayo sisifo somqala esimnyama esosulelayo. Kwakukho...intliziyo yayiphatha

kakubi. Kwaye utata waqhubeka esiza kumhlango, uku—ukuze andifumane ukuya kuthandazela inkwenkwe. Kwaye inkwenkwe yayimalunga neshumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu leminyaka ubudala. Kwaye nje ndandixakeke kakhulu, andizange ndikwazi ukuyenza lonto. Kwaye ekugqibeleni... Ukuba—ukuba—ukuba—ukuba uyithabathele kwenye, emva koko yenye, uyazi. Ke utata wahlala nje wabambelela, elindile de kwaba lixesha. Ekugqibeleni, ngobunye ubusuku emveni kwenkonzo, ndaya esibhedlele. Ke, ugqirha wandixelela ukuba andinokwazi ukungena. Wathi, “Ngokuba, i—inkwenkwe inesifo somqala esosulelayo kuyo, kwaye uyindoda etshatileyo kwaye awukwazi ukungena kwaye uthabathe loo ntsholongwane.”

²¹⁸ Ke, ndamcela, “Nje ncenda ndivumele ndingene.” Indoda yayingumKatolika. Kwaye ndathi, ndathi, “Ingaba ungumKristu?”

Yathi, “NdingumKatolika.”

²¹⁹ Ndathi, “Ukuba umpri ubemi apha kwaye ezama ukuba azise—azise izithethe zokugqibela zecawe kwinkwenkwe, ingaba ubuya kumamnkela?”

²²⁰ Yathi, “Oko kwahlukile. Lowo ngumpri. Wena uyindoda etshatileyo.”

Ndathi, “Ukuba ndisayina iphepha, ndithabathe lonke uxanduva?”

Yathi, “Andikwazi ukukwenza oko, mhlekazi.”

²²¹ Kwaye ndathi, “Ndiyacela.” Ndathetha oku, “Ndikangako nje kwabo bantu njengokuba umpri ubeya kuba njalo kuwe.”

²²² Ekugqibeleni, wandinxibisa njengeQela laBaxhasa uBuhlanga, ngazo zonke ezo zinto zimhlophe, waza wandingenisa phakathi, ndaza ndaya kwinkwenkwe. Yayiye yangabikho zingqondweni, ezimbini okanye ezintathu iintsuku. Intliziyo yakhe yayibetha kancinci. Ndiyalibala ukuba yayiyintoni inkqubo yokusebenza komzimba; incinci kakhulu, nje iphantse ukungophi, ukubetha. Kwaye utata omdala nomama babemi phaya.

²²³ Kwaye nje ndaguqa phantsi, kwaye nje umthandazo omncinci olula, ndabeka izandla phezu kwayo, ndathi, “Nkosi uYesu...” Ndisibenzisa esi Sibhalo. “Wathi, ‘Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo.’ Nanku utata nomama, bebengekhe babambelele ukuba mna ndibeke izandla phezu kwalaa nkwenkwe ukuba bebeya kuba bengayikholwa lonto. Kwaye, Nkosi, bendingena kuza apha njengentlekisa. Ndiyakholwa ukuba loo nto ndiyithethileyo nokuyifundisa iyiNyaniso.” Kwaye ndathi, “Ndiyayisikelela inkwenkwe encinci, eGameni likaYesu Kristu; yivumele iphile.”

224 Kwaye xana ndaphakamayo, utata omdala kunye nomama baqalisa ukuwolana, baza bathi, “Ingaba lonto ayimangalisi na, mama! Ingaba lonto ayimangalisi na!” Inkwenkwe ingekatshintshi nakancinci; nje ilele phaya. Kwaye nda—ndakhangela kubo.

225 Kwaye umongikazi omncinci emi phaya, waye ngumongikazi okhethekileyo, owathweswa isidanga, kwaye waye ngaphaya ekhangele inkwenkwe. Kwaye wathi kumama, yena wathi, “Ungathini ukwenza ngolo hlobo, kwaye usazi ukuba inkwenkwe yakho iyafa?”

226 Kwaye utata omdala, njengokuba waye malunga, owu, ndiya qikelela, waye namashumi amahlanu anesibhozo, amashumi amathandathu eminyaka ubudala, wabeka izandla zakhe phezu kwamagxa akhe, njengokuba utata omdala ubeya kwenza njalo. Wathi, “Mntwana,” wathi, “laa nkwenkwe ayifi,” wathi.

227 “Mnumzana,” wathi, andazi ukuba le yayiyintoni na, uhlobo oluthile lomzobo wombane wentliziyo okanye into ethile, wathi, “eyakhe—eyakhe inkqubo yokusebenza komzimba iye yehla kakhulu, kwaye nesi sifo, asaziwa kwimbali, ukuba ikhe yangena kuloo meko, ukuba iphinde ibuye kwakho.”

228 Kwaye usulusapho omdala wahlikihla amehlo akhe, waza wakhangela kuye. Andisoze ndikulibale oku. Wathi, “Sthandwa, ujonge kwitshati. Leyo yiloo nto uqeqeshelwe ukuba ujonge kuyo. Ndijonge kwisithembiso eso uThixo asenzileyo. ‘Babeka izandla phezu kwabagulayo, baya kuphila.’” Inkwenkwe itshatile kwaye inabantwana abathathu, iyimishinari e-Afrika. Kuxhomekeka kuloo nto ujonge kuyo.

229 Ngoku kusenokubakho abathile apha, abo abafike apha, abo abangalifumananga ikhadi lomthandazo. Ndiye ndabuza unyana ezantsi phaya. Wathi, “Akukho ntandabuzo koko kukho abaninzi emva phaya, tata, abo abangazange balifumane ikhadi lomthandazo.”

230 Mangaphi amakhholwa alapha ngoko? Phakamisani izandla zenu. Ingaba niya kwenza oku ngelithuba siculayo, “Ngoku ndiyakholwa”? Ngoku uThixo ubelungile kuni. Aningekhe, njengekholwa... Akwenzi nawuphi na umahluko ukuba zizandla zikabani na, okoko nje elikhholwa. Yabona? Ingaba ningabeka izandla omnye komnye, kwaye siyakucula le ngoma kunye, “Ngoku ndiya kholwa.” Kwaye ndide ndihlangane nani, uThixo abe nani!

Ngoku ndiyakholwa,

Kunjalo oko, beka izandla zakho phezu komntu okufutshane nawe.

Ngoku ndiyakholwa,

Zonke izinto (Akunamsebenzi nokuba yintoni engalunganga, zonke izinto zinokwenzeka.)

zinokwenzeka . . . (EGameni lika Yesu,
sikelela aba.)

Ngoku ndiyakholwa, owu, ngoku . . . (“Ngoku
andidlali. Hayi, oku, ngoku ndiyakholwa.”)

Zonke izinto zinokwenzeka, owu, ngokundiya
kholwa.

²³¹ Ngoku bonke abo abayikhulwayo, phakamisani izandla zenu
ngolu *hlobo*, “Ngoku ndiyayikhulwa.” UThixo anisikelele.

De sihlangane! . . . sihlangane!

De sihlangane ezinyaweni zika Yesu; de
sihlangane!

De sihlangane; de sihlangane!

UThixo abe nani de sihlangane kwakho!

Ngoku ngeentloko zethu zithotywe.

De si . . .

²³² Wanga uThixo angaba nani, ngenene, abethe amaza
oyikisayo okufa phambi kwenu, anithabathe ukusuka
kuloyiso ukuya kuloyiso. Ngenye imini, yanga imizimba yethu
ingaguqulwa kwaye yenziwe ifane nomzimba OngoWakhe
wozuko, apho singasayi kubuya kwakho sithandazele
abagulayo. Kude kube ngoko, wanga uThixo angaba nani,
de sihlangane. [UMzalwana uBranham uyangqumshela—Mhl.]

De sihlangane!

UThixo abe nani de sihlangane kwakho!

²³³ Ngoku masithobiseni iintloko zethu ukwenzela umthandazo
wokuvala. Ngubani oya kuthandaza? [Umntu othile uthi,
“UMzalwana uGibson. UMzalwana uGibson.”—Mhl.] Mzalwana
uGibson ngoku, ngelithuba sithobise iintloko zethu. 

64-0621 Ityala
e-Municipal Auditorium
e-Topeka, e-Kansas U.S.A.

XHOSA

©2026 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org